Ukuzama Ukwenzela UThixo Inkonzo Kungakhange Kube Yintando KaThixo

Masiqhubeke simile ngoku ithutyana ngelixa sithandazayo. Masithobiseni iintloko zethu.

Nkosi, siyavuya ngale ntsasa ukubuyela endlwini kaThixo, kwenye inkonzo. Kwaye siyathandaza, Thixo, okokuba Uyakusilungisa ngale ntsasa ngazo zonke iimpazamo zethu. Sibonise indlela othe Wayanyula ukuba siyihambe. Kwaye usinike kolwa babalo Lwakho nothando, ukuze sibenokulandela ezondlela nemiyalelo ngeentliziyo zethu zonke, ukuze sifunyanwe, ngolwa suku, kuKristu, singatyholeki, ngokuba siyakholwa, Nkosi, ukuba ukubonakala kwaKhe kukufuphi.

2 Siyazibona zonke iimpawu Athe ziyakwenzeka nje eKuzeni kwaKhe, ngoku zizaliseka. Kwaye ngovuyo sikhangele elothuba. Njengo Abraham wakudala owakhangela kunyana wesithembiso, kwaye ebona loo miqondiso yokungqibela kaThixo isihla isiza emhlabeni, ngoko wazi ukuba akusayi kuba kudala afike unyana. Kwaye ngoku siyabona iphinda kwakhona. UYesu wasixelela ukuba, "Xa ezi zinto ziqalisa ukwenzeka," ukuba siwaphakamise amehlo ethu, okokuba intlangulo yethu—yethu yayisondela, "ukuthingaza kwamaxesha, ukuxinezeleka phakathi kwezizwe, izinyikimo zomhlaba kwindawo ngendawo, lugquma ulwandle, besifa abantu luloyiko."

3 Siyaqonda ukuba sikula yure, xa izizwe zingazi emazikwenze. Enye imfazwe iyeza, kukhangleka njalo. Enjani ukubambi into eyakuba yiyo! Ihlabathi lihlakazeka, inzululwazi zithi into ethile embi isondele. Siyayibona iBhayibhile ithetha ngako oku. Ngoko, Nkosi, sincede namhlanje sime kulendlu yezilungiso, size sithabathe imiyalelo esuka kuThixo wethu, ukuze sibheke phambili kule yure yobumnyama, sikhanyise ukuKhanya, ngokuba kusenokuba lithuba lethu lokugqibela lokwenza oko. Ngokuba sikucela oku eGameni likaYesu nangenxa yaKhe. Amen.

Hlalani phantsi.

4 Ngokuqinisekileyo ndikubalela oku yinyhweba enkulu kakhulu, ukuba lapha emnqubeni ngale ntsasa. Kwaye

ndixolisa ngokuba singabi nagumbi lokuhlalisa, apha, lenu. Kwaye indawo igcwele, kwaye kumiwe kwindawo yonke ngaphandle.

Nina bantu ngaphandle ngoku, ningakuva oku kunomathotholo wenu. Ndilibele . . . [Umntu othile uthi, "Amashumi amahlanu anesihlanu ukuya kumashumi amahlanu anesixhenxe."—Mhl.] Amashumi amahlanu anesihlanu ukuya kumashumi amahlanu anesixhenxe. Nina bantu bangaphandle, kunye nabangaphandle kwindawo zokumisa izithuthi, nasezitratweni, ningakuva oku kunomathotholo wenu, phakathi kwamashumi amahlanu anesihlanu kunye namashumi amahlanu anesixhenxe ekucofeni kwakho unomathotholo. Ke sizamile . . .

5 Bendibuya, gxebe, ukuza apha, ukuzama ukuba malunga neshumi leentsuku yemihlangano, yokuthetha kwisihloko se *Zibetho Ezisixhenxe Zokugqibela*. Ngoba, phakathi kwezo Zibetho ngamaXilongo. Kwaye bendinixelela kwi . . . xa ndandizakushumayela kumaXilongo asiXhenxe, okokuba ndiyakuwazisa kunye neZibetho neZifo. Kwaye ndiye ndacinga iyakuba lixesha elihle. Ndisandula ukubuya ukusuka e-Afrika, kwaye—kwaye abantwana abakhange babe nekhefu labo.

Inkwenkwe yam encinci, uJoseph, uye—uye ngahlobo luthile kancinci waba . . . wafuna ithuba iivekana ezimbalwa zokufunda ekufundeni kwakhe. Uphumelele, kakuhle, kodwa ebengekho semgangathweni. Ngoko simgcine eTucson, ke, xa bendise Afrika, waya ekufundeni kwakhe waza waleqisa kuko, kwisikolo sasemini.

Kwaye emva koko siyabuya. Kwaye ndacinga, ngelixa abantwana babekwikhefu labo, ndiyakuba nomhlangano omncinci apha kunye nabantu, ndize ndishumayele le mixholo. Kodwa xa sifika apha, sifumanise ukuba asinakulifumana iholo lemihlangano lesikolo.

6 Kwaye ndazile ukuba umnquba wawunganelanga ukuhlalisa abantu, nokubenza bahlale kakuhle ngendlela abafanele ngayo xa be . . . xa ndinalo Myalezo, ngoko ke ku—kufanele senze amalungiselelo ahlukileyo. Kwaye endaweni yokuba ne—neshumi lobusuku ebesilicebile lokubanabo, kulungile, ndiyenze nje iinkonzo ezimbini ngaCawa nganye; ngale Cawa, iCawa ezayo, kunye neCawa elandelayo, iinkonzo ezimbini. Ke, zange siyipapashe.

Kwaye, emva koko, ukuba nabani na ove ngandlela ithile okokuba imihlangano izakuqalisa ngowamashumi amabini anesibhozo, kwiholo lemihlangano lesikolo, ukuba uThixo uyivumele, kulungile, ukuba unazo naziphi izihlobo kwaye uqeshe indawo kwindawo zokuhlala,

ndi—bendi—ndiyayibhangisa, yabona, ngokuba oko—oko bona, asinandlela ilungileyo yokuba nawo. Abanakho ukufumana i—amaholo emihlangano esikolo.

7 Kwaye ngoku ndifuna ukuthetha, nje kwiinkonzo zobuvangeli kusasa ngeCawa. Kwaye ngeCawa ebusuku ndifuna ukuba nomthandazo ngabagulayo. Kwaye siyathemba ukuba uThixo uyakuhlangana nani bantu abagulayo. Andazi ukuba uBilly uzakwenza njani ngani; ndicinga, kukhutshwe amakhadi okuthandazelwa, okanye ngenye indlela, indlela zokulawula irhamente. Kodwa siyakwenza konke esinakho ukuthandazela wonke umntu kweziveki zintathu zizayo esifuna ukuba neenkonzo, ukuba iyintando yeNkosi.

8 Kwaye ngoko ngamaxesha amaninzi kukho udliwano-ndlebe lwabucala, umntu othile ufuna nje ukukubona umzuzu kwinto ethile okanye into ethile efana noko. Kwaye sizaku . . . Bangaphi apha abafuna undliwano-ndlebe lwabucala, masibone izandla zenu. Wow! Ngubani ongafuniyo? Ke ngoko siya . . .

9 Ngahlobo luthile kuyakubanzima ukuwafumana, ke bhala isicelo sakho uze uzithumele, zibeke kuBilly, ngoko ndizifumane khona phaya. Kwaye, ngoku, uyakwazisa malunga, ndiyaqikelela, amakhadi okuthandazelwa, nanini na apho ayakunikezelwa khona.

10 Bangaphi abazalwana bethu abalungiselelayo abakhoyo apha ngale ntsasa? Asikhange sibe nathuba, andiqikeleli . . . Ingaba nibaqondile abanye babo? Bangaphi abalungiseleli abalapha ngale ntsasa, ningaphakamisa nje izandla zenu? Okanye, nime. Masibone bangaphi abalungiseleli abasebandleni ngale ntsasa. Kulungile, kuhle! Ndibulela iNkosi ngala madoda. Ndinqwenela besinexesha lokuqonda ngamnye kubo, kodwa ndiqinisekile niyababona. Kwaye si . . . UThixo uyabazi kulungiselelo lwabo, kwaye siyathandaza okokuba uThixo abasikelele kokukhulu. Kwaye, akukho mathandabuzo, abaninzi babo bazivalile iinkonzo zabo, ukuze babe lapha. UMzalwana uJunior Jackson kunye, ndiyaqikelela, uMzalwana Don Ruddell, kwaye kukho olu sasazo luza emabandleni abo. Kwaye emva koko, kananjalo, phezulu eNew York nakwezinye iindawo ukunqumleza ilizwe, oku kungomnxeba wabucala ukuya kulo lonke ibandla ngale ntsasa.

11 Ndinovuyo lokubona uMzalwana uRichard Blair ehleli apha. Ndifunde nje incwadi yezinto ezinkulu athe uThixo wazenza phakathi kwabantu phaya. Ngomnye umhla, njengoko ndiqondayo . . . Ndingaba ndiphosisile, Mzalwana uBlair; ukuba ndinjalo, ndilungise. Wayesebenza, enceda indoda ibophelela isikhoji okanye into ethile, ndiyakholwa yayisiso. Ndifundile incwadi leyo. Baze bagqwetha okuthile, kwaye, ngenye indlela, sakhuphela umbane emanzini apho inkwenkwe encinci

yayikhona, enye . . . i—indoda eyayisesayo isikhoji, inkwenkwe encinci yayo, nje umfanyana omncinci, wayibulala inkwenkwe encinci. Kwaye isisu sayo sikhukhumele. Siyakwazi ukutshiswa ngumbane, ukuthi, xa besifa, yilonto eyenzekayo. Amehlo ayo ejamile; amazinyo ayo adibana.

12 Yabaxakanisa abazalwana kakubi kakhulu. UMzalwana uBlair uthi wacinga ukuba angandifumana ndaweni ithile, ukuze ndiyithandazele, kodwa wakhumbula ibikukuba "Naphina ababini okanye abathathu behlangene eGameni laM, Ndiphakathi kwabo." Kwaye uyise waxobula iminwe yakhe ezama ukufaka iminwe yakhe emlonyeni omncinci wenkwenkwe, ukuwuvula. Kwaye baguqa baza baqalisa ukuthandaza phezu kwenkwenkwe encinci, yaza yabuyela ebomini kwakhona.

13 Ingaba oko bekuyinyani, Mzalwana uBlair? Omnye wabathembekileyo babazalwana apha. Owu, inkwenkwe encinci ilapha. Kulungile, bulela iNkosi. Ilungile lonto. Singathanda ukuba ume, mfo wam. Ngoku, sibulela iNkosi ethandekayo ngoku. Ingaba nguyise wenkwenkwe encinci? Unguyise? Injalo lonto. Kwaye nanku uMzalwana uRichard Blair. UThixo wethu unakho ukwenza nantoni na. Ewe, mhlekazi. Wathembisa. Siphila kuBukho obuNgcwele bomkhulu, ozukileyo, uBawo waseZulwini. Kwaye zonke izinto esi . . . zinokwenzeka ukuba nje sinokuyikholwa.

14 Niyabona kwenza ntoni okuya, yintoni okwayihlawulayo ngoba bomi bala ndoda okokuba ikholelwe okuya? Kwasindisa inkwenkwe yayo encinci. Ngoku, uThixo wayenabakhonzi bakhe abathembekileyo phaya, ku . . . UMzalwana uBlair kunye nabo, ukuthandazela inkwenkwe encinci xa yayikula meko. Ewe, xa nayiphi into isenzeka, khumbulani, ningabantwana bakaThixo ophilayo.

"Naphina ababini okanye abathathu behlangene eGameni laM, Ndilapho." Kwaye kwakhona kubhaliwe, "Ungosoloko efumaneke eluncedo ngexesha lembandezelo." Kwaye ukuba kwakhe kwakho ingxaki, yayiyila nkwenkwe ilele phaya, ifile, emhlabeni, ekutshisweni ngumbane okwayityhutyhayo. Ke sibulela uThixo ngale ntsasa, ngazo zonke iintliziyo zethu, ngako oku, ngezi zinto Athe wasenzela zona.

15 UThixo awasikelele la madoda anyanisekileyo, nawo. Ngexesha likaxakeka elo lixesha lokujonga kuThixo. Kwaye jonga kuYe, kwaye ube kubuhlobo naYe phambi kokufika kukaxakeka. Siyayazi lonto. Ukuba sifumene inceba kuThixo, singamcela Yena nayiphi into, njengoko ubunokwenza nakwesiphi esinye isihlobo, kwaye Ungosoloko efumaneke eluncedo ngexesha lembandezelo.

16 Ndidibene nje esitratweni, izolo, nodade kaMzalwana uJohn Martin. Bendi . . . Umntu othile undimisile ezantsi

esitratweni, omnye wagqitha wawangazelisa isandla zabo. Ukubuyela ekhaya, niyazi, ubona abantu ndaweni zonke, besima kwaye bexhawula izandla, nanjalo njalo. Kwaye eli nenekazi, ndiyakhumbula bandibizile kungekudala, apho umntu othile walibetha ngasemva, emotweni, kophuka ithambo lomqolo kwaye konke ukunyuka nokuhla. Wayezakukhubazeka ubomi bakhe bonke. Uhleli kulentlanganiso ngalentsasa, esonwabela uBukho bukaThixo. Bendithetha nje naye egumbini. Ndifuna ukuthandaza kunye naye, kwakhona. Kwaye waye . . . Ulapha ndaweni ithile. Ndiyaqikelela akakwazanga ukubuyela ngaphakathi.

Kodwa, apha, ngokuqinisekileyo, uhleli apha phakathi kwethu. Injalo lonto. Ungema nje okomzuzu, dade, ukuze abantu babe . . . Nali inenekazi athe ugqirha, kwintsuku ezimbalwa ezigqithileyo, alisokuze liphinde lihambe, ithambo lomqolo lophukile nento yonke, ekutyobokeni—tyobekeni. Kwaye nanko emile, ephelele.

Niyazi, iBhayibhile ithe, "Kwaye zange babe nanto yakuthetha ngokuchasene nayo, ngoba umntu wayeme phakathi kwabo." Injalo lonto. Nantsi inkwenkwe encinci ebuyiswe ekufeni, kwaye nanku umfazi one thambo lomqolo elophukileyo, emile phakathi kwethu. Isandula ukwenzeka, ke Usenguye izolo, namhlanje, naphakade. Malibongwe iGama leNkosi! Indlela ebekufanele sivuya ngayo yokuba siphila ngoku eBukhoneni baKhe, kwaye sisazi ukuba Ungosoloko efumaneke eluncedo ngexesha lembandezelo.

Kuluvuyo ukubona uMzalwana uVayle, uMzalwana uMartin, abaninzi abalapha kule ntsasa. INkosi inisikelele bazalwana, ngokukhulu. Ngoku yi . . .

17 Ndiyazi akupholanga kakhulu apha, kunye naso sonke esi sihlwele, kodwa noko, xa bendishiya iTucson ngenye imini, ibi malunga nekhulu elinesine okanye isihlanu. Kwaye phantse inzulu zobusuku, ibingamashumi asithoba anesithathu, kwaye ke oku kuvakala kamnandana kum. Kwaye eParker bathi ibilikhulu elinamashumi amane, ngoLwesihlanu phambi kokuba sihambe. Kwaye ungafane ucinge kushushu kangakanani oko. Kakade, phaya kusentlango.

18 Kwaye, ngoku, eziCawa zintathu zilandelayo. Namhlanje, ishumi elinesihlanu, ndiyakholwa, ingaba injalo, okanye ishumi elinesithandathu; ishumi elinesihlanu, ayinjalo? Ishumi elinisibhozo, kunye namashumi amabini anesibhozo, kunye nowokuqala ku-August, (ingaba injalo?) August. Amashumi amabini anesihlanu . . . Ishumi elinesibhozo, amashumi amabini anesihlanu, nowokuqala, kuyakubakho iinkonzo emnqubeni. Musani, niyazi, nifumane ngokungaphezulu kwayo, ngoba, uyabona, asinakufumana okungaphakathi, okulapha ngoku, ngaphakathi, uyazi, kwaye iba mandundu. Buya nje ukuba unakho.

19 Kwaye ndilapha ukuza kuhlanganisa amathenjwa. Ngahlobo luthile ndiba nokwalelwa kwindawo zokubamba umhlangano, xa ndiziva ndikhokelelwa ukuba ndibenawo. Ke ndicinga ndiyakucela ukuba asinakho na ukufumana intente yethu size—size siyimise, size sihlale nje phaya, niyazi. Siphumela apha kwindawo yebhola, okanye ngaphandle efama, size siyisuse kwindawo siyise kwenye indawo, nje ngokuba iNkosi iyakusikhokelela. Kwaye ndiva ukuba koko Izakukwenza. Niyazi, kukho umbono malunga noko. Kwaye ndiyacinga kungaba sisizathu oku kusenzeka . . . Ngoku, niyazi, ngamaxa amaninzi sicinga ukuba kubi kakhulu kuba izinto ezithile zisenzeka, kodwa, niyazi, oko kungaba kungaba nguThixo, yabona, ekuqhubela kwezi zinto. Xa, Ayitshiloyo, Uyakuyenza.

20 Kubusuku obumbalwa obugqithileyo, abaninzi benu, nje malunga nenyanga phambi kokuya ngaphaya e-Africa, abaninzi benu mhlawumbi banayo iteyiphu, kuni nina bantu bafumana iiteyiphu, ku, *Ukukhetha Umtshakazi*, yashunyayelwa eCalifornia. Imizuzu yokugqibela yala teyiphu, andikhumbuli tu ndakhe ndaphaya. Kodwa uMoya weNkosi weza ngendlela ethile. Ndandibohlwaya bona ngendlela ababephila ngayo nababesenza ngayo, kwaye emva kokuba iVangeli ishunyayelwe kwaye idandalazisiwe phambi kwabo ngeyona ndlela. Kwaza, ngesiquphe, uMoya oyiNgcwele wathetha wathi, "Kapenahum," yabona, "umzi ozibiza ngegama leengelosi," leyo yi Los Angeles, "wena uphakanyiselwe eZulwini, kodwa wathotyelwa esihogweni." Yabona? Kwaye emva kokuphuma kwawo, kutheni, ndandingaphandle, waza uMzalwana uMosley kunye noBilly babekunye nam. Baza bathi . . . Babuyela emva baya kujonga, kwaye umgangatho wonke kwakuzele abantu nje belele, kunye nabalungiseleli kuzizijwili.

21 Kwaye ndahamba ndaya kufumana iSibhalo. Ndathi, "Kukho into ethile malunga nokuya eBhayibhileni."

Kwaye yayinguYesu ekhalimela iKapenahum, zonke ezo zixeko zigudle ulwandle Awathi wazityelela. Ngokuba, Wathi, "Kapenahum, wena uphakanyiselwe eZulwini, uyakuthotyelwa ezantsi esihogweni." Wathi, "Ngokuba ukuba imisebenzi yayenziwe eSodom naseGomora ethe yenziwa kuwe, ibiyakuba isamile nanamhla." Kwaye ngelo xesha, iSodom neGomora zazi ngaphantsi kolwandle.

Kwaye kwamsinya emva koko, mhlawumbi amakhulu eminyaka okanye into ethile, emva kwesiprofeto sikaYesu, iKapenahum, ekuphela kwesixeko esigudle ulwandle Awathi wasityelela, unyikimo lwayitywilisela elwandle. Kwaye uyazi leyo yayimpendulo ethe ngqo kwiCalifornia, kwi Los Angeles.

22 Kwaye emva koko eTucson ngenye imini, nje ndisabuyela emva, inyikima enkulu yayenzekile khona phaya. Kwaye inzululwazi kumabonwakude ziyizoba. Yayisemaphepheni.

Okokuba, umhlaba, ngomye umhla, wacandeka ukusuka e-Aleutian Islands, okanye ukusuka e-Alaska, ukungqonga i-Aleutian Islands, malunga neemayile ezimakhulu amabini ukuphumela ukuya elwandle, ukubuya ukuya eSan Diego, kujikeleze i-Los Angeles, ze kubuye ngaphandle eSan Diego. Kwaye itweze ii-intshi ezininzi. Izindlu ziwile. Iihotele zitshonile.

Kwaye iinzululwazi kolu luhlu lwa—lwabuzwa. Lwathi, "Kulungile, oko kunokuzika ngomnye umhla?"

23 Bathi, "Ingenzeka? Iyakwenzeka!" Kwaye wasebenzisa amagama obunzululwazi okuba indlela olwadaka lwenyikama . . . Yilonto ebangela unyikimo lonke elixesha, ukungqonga iSan Diego kunye nasezantsi phaya. Ibisoloko ingulamgongxo wendawo. Kwaye ngoku konke okwayo kuyaqalisa ukuqhekeka, njengentlabathi izika, kwaye ngoku iluqweqwe nje. Kwaye iyatwezeka, ii-intshi ezininzi. Banakho ukuthatha isijonga-kude kunye nento, balandela olwathanda, baza bawuphawule. Ndiyayibona apho yayikhona.

Kwaye yatwezeka, ii-intshi ezininzi ngaphezulu, mhlawumbi ezimbini okanye ezintathu ii-intshi ngala mhla, kwakhona, kanye emva kokunikwa kwesa siprofeto.

Kwaye abo babenodliwano ndlebe neenzululwazi, bathi, "Kulungile, mhlawumbi ayisayi kuba ngesigaba sethu."

24 Wathi, "Ingaba yimizuzu emihlanu okanye iminyaka emihlanu; kodwa izakudilika."

25 UNksz. Simpson, andicingi ukuba unathi namhlanje. Okanye, ndibona uMzalwana uFred ehleli apha, kodwa andazi apho akhoyo uNksz. Simpson. Wahamba waza wafumana isiprofeto endasenzayo, malunga nowe 1935 okanye into ethile enjalo, waza wathi, "Ixesha liyakufika," ibhaliwe encwadini ndaweni ithile, "eyokuba ulwandle luyakutshayela indlela yalo ukuya entlango."

Jonga okuyakwenzeka. Ukuba lamawaka eemayile zesikwere adilikela kudaka lwenyikima yomhlaba, aze atshebeleze, kuyakufa izigidi ngaxesha linye. Kwaye oko kuyakubangela olukhulu ugqabhuko lwamaza! Khumbulani, iyakuma ngoLwandle iSalton, ngamakhulu okanye amabini eenyawo ukubheka ezantsi kumlinganiselo wolwandle. Loo manzi mhlawumbi ayakuphantse aye eTucson, kunye nolwa gqabhuko lwamaza lusiya lunqumla phaya. "Kwaye ulwandle luyakutshayela indlela yalo ukuya entlango."

Izizwe ziyaphuka, uSirayeli uyavuka,
Imiqondiso abayichazayo baprofeti kwangaphambili;
Iintsuku zabeNtlanga zibaliwe, kunye nezihlungisayo izixakaniso;
Buyelani, Owu nina bachithiweyo, kowenu.

26 Sisekupheleni kwexesha. Ngoku, iNkosi inisikelele ngokukhulu. Ndiqalisile ngokuya ndaza ndalibala malunga nexesha. Sizakunyamalala kwakamsinya, msinya kakhulu, ukuya kuNaphakade, kakade.

27 Kwaye ngoku kuMarko oNgcwele, isahluko sesi-7 kunye nomqolo wesi-7, ukuzisa isiqendwana kulomxholo ebesisandula kufundwa kwiziKronike zokuQala i-13. Ukwenza isiqendu ngako oku, ndifuna uMarko isi-7:7.

> . . .*bandinqula ngokulilize, befundisa ii*mfundiso *eziyimithetho yabantu.*

28 Ngoku, andazi nto ngaphandle koMyalezo iNkosi endinike wona, kwaye kuphela endinokuthetha kuko. Kwaye ngoku, ndizakuthetha kumxholo ngale ntsasa ebendicinge uyakuba ngokulungileyo. Kwaye ngobubusuku ndifuna ukuthetha ku, "inyama ngexesha elifanelekileyo," ukuba iNkosi ithandile*: Ukudla Komoya Ngexesha Elililo*, kunye nendlela yokukwamkela Kona. Ngoku, ngale ntsasa: *Ukuzama Ukwenzela UThixo Inkonzo Kungakhange Kube Yintando KaThixo*.

29 UThixo ungozimele geqe. Kwaye siyabona apha oko wakwenzayo uDavide, ekufundeni iSibhalo seziKronike zokuQala i-13. Kwaye waye. . . Injongo zakhe zazilungile. Kodwa uThixo akasiniki mivuzo ngenxa yeenjongo ezilungileyo. Kukho kuphela indlela enye yokukhonza uThixo, leyo kukwenza intando Yakhe ekuyaleleni Kwakhe. Kwaye uThixo, ekubeni engozimele geqe, akukho namnye onokumxelela Yena amakakwenze okanye akwenze njani. Wenza ngendlela, Aziyo ukuba yindlela elungileyo yokwenza. Kwaye oko kundenza ndizive kamnandi. Kwaye ifanele isenze sonke sizive kamnandi, kwaye ndiqinisekile yenza njalo. Ngokuba, omnye ebonokwenza Ize *ngale* ndlela, aze omnye enze Iye *ngala* ndlela, aze omnye ngala ndlela.

30 Kodwa into enye enkulu, kwakhona, malunga noThixo, Akasishiyanga, ngoku, ngaphandle kolwazi lokuba yintoni iNyaniso kwaye nendlela yokuyenza. Ebengayi kuba ngolilungisa, ukusohlwaya ngokwenza into ebesingayazanga ukuba ibizakwenziwa kanjani, aze ngoko asiyeke sikhubeke kwinto. Akalulo olwahlobo lukaThixo. UnguThixo othetha iLizwi aze alindele abantwana Bakhe balikholelwe Lona. Kwaye, ngenxa yoko, Uyazi okulungileyo, nelixa lokukwenza, nendlela yokukwenza. Sineembono zethu malunga nayo, kodwa Yena uyazi.

31 Kwaye ngoko ukuba Yena umisa inkqubo, oko koko Azakwenza, kwaye angasixeleli ukuba yintoni eyayizakwenzeka kunye nendlela eyayizakwenzeka ngayo, size thina, sikhubeke kuyo, besiyakuba—besiyakuba ngabagwetyelweyo eku—ekukhubekeni kwethu; okanye,

ukuzama ukwenza into ethile, ngamnye ebeya kuthetheleleka. Kodwa kukho indlela enye kuphela, kwaye leyo liLizwi Lakhe.

32 Kwaye enye into, uDavide apha, siyabona ukuba entliziyweni yakhe wayefuna ukwenza into eyayilungile. Wayengenanjongo zimbi, okanye iminqweno emibi. Kodwa, indlu, okanye ityeya yeNkosi, yayikude e—ebantwini, kwaye wayefuna ukuyizisa ityeya kaThixo ibuyele endaweni yayo, ukuze abantu bamfune uThixo malunga nezinto abazifunayo.

33 Endaweni yo—yokuyeka nje kuqhubeke, si . . . Bekungathini ukuba uMzalwana uBlair kunye noyise wale nkwenkwe incinci babethe, "Kulungile, kubi kakhulu, umntwana wonzakele nje, wafa. Ndiyacinga, nje into ethile yenzekile"? Kodwa baya ngokukhawuleza kuThixo.

34 Kungathini ukuba inenekazi elincinci, kunye nomyeni walo, umlungiseleli weVangeli, kubusuku obumbalwa obugqithileyo, okanye iintsuku, xa ela nenekazi lalaliphuke ithambo lomqolo, lo ebesandula ukuma . . . Ugqirha wathi, "Uyakukhubazeka bonke ubomi bakhe." Bekungathini ukuba umyeni kunye nalo bebenokuthi, "Ke, sthandwa, siyakuzixolisa nje ngokuya"? Kodwa ngokukhawuleza benza into malunga nayo; baya kuThixo. Zingaphi izinto eBhayibhileni esinokukhomba kuzo, zendlela xa abantu bangena engxakini, baya kuThixo!

35 Kulungile, ngoko, ngeentsuku zabo, babenendawo enye kuphela yokuhlanganelana apho babenokuhlangana noThixo, kwaye apho kwakukwityeya, phantsi kwegazi. Leyo kuphela kwendawo yokuhlangana okwangoku, phantsi kweGazi. Isihlalo seNceba sasitshiziwe, ukunika inceba kumnquli, okanye umceli, xa esiza kucela izibongozo zikaThixo. Kwaye uThixo wayenendlela ekhethekileyo, indlela ekufanele uye ngayo, nayo, malunga nokuya, kwaye Ebengayi kwamkela enye nayiphi engenye. Ebengayi kwamkela nayo nayiphi into enikelwayo; kuphela nje indlela Ayenzileyo.

36 Kungekudala ndishumayele kuMyalezo, abaninzi benu bayazi malunga Nawo, okokuba, kuphela kwendawo enikiweyo apho uThixo ahlangana khona nomnquli, indawo Athe, "Ndiyakubeka iGama laM." Ukuba singafumana ibandla apho Abeke khona iGama Lakhe, ngoko siyifumene indawo. Wathi, "Andisayi kunisikelela kuwo onke amasango; kuphela kumasango Endiyakubeka iGama laM. Ndiyakulibeka endaweni enye, kwaye kufanele nidibane naM phaya; kwaye kuphela kwendawo eNdiyakudibana nani kuyo." Kwaye sifumanisile, khona ngokwaphaya, apho Abeke iGama Lakhe, kwaye kuphela kwendawo apho Ahlangana khona nomnquli. Kwaye iGama Lakhe lalinguYesu Kristu. IGama likaThixo nguYesu Kristu.

37 Wathi uYesu, “Ndize eGameni likaBawo waM.” Wonke unyana uza egameni likayise. Kwaye Uza eGameni likaYise.

“Kwaye akho Gama limbi phantsi kweZulu elinikwe abantu,” nokuba ibizwa Wisile, Bhaptizi, Rhabe, ibandla likaKristu, nokuba ingenziwa ntoni. Kukho kuphela indawo enye yokuhlangana apho uThixo ahlangana nomntu, kwaye kuxa ekuYesu Kristu, kuphela kwendawo. Kwaye zonke ezi zinto zindala emva apha phantsi kweTestament eNdala, zizekelisa oko. Ndifuna niyiqonde ngokucacileyo lonto. Ngoku, isisifundo sesikolo sangeCawa. NdineZibhalo kunye nemibhalo ebhalwe phantsi apha. Ndicinge ukuba oku kuyakuninceda ukuba niqonde, njengoko zonke izinto ezindala zisenzekela imizekelo kuthi.

38 Ngoku, sifumana ukuba uThixo wayenendlela yokwenza izinto. Kodwa uDavide, nje kuba esikelelwe nguThixo, njengoko wayenjalo, waza waba ngukumkani, wacinga nje uyakwenzela nje uThixo into ethile, nakanjani. Kwaye zange ahambe kakuhle malunga nayo.

39 Siyaphawula, uThixo utyhila iLizwi Lakhe kwelimiselwe nguYe Buqu kwangaphambili ixesha. Ngoku, wayenokuwazi njani uMartin Luther uMyalezo wanamhlanje? Ayenokuwazi njani amaRhabe? Wayenokuwazi njani uMartin... okanye icawa yobuKatolika yayinokuwazi njani umyalezo kaMartin Luther? Wayenokuwazi njani uJohn Wesley umyalezo kaLuther? Wayenokuwazi njani uWesley umyalezo wabakaMoya? Okanye abakwaMoya bangawazi njani loMyalezo? Yabona? Ulityhila Lona kweLakhe ixesha, ngokuba LiyiMbewu. Kwaye njengokuba Likhula kwaye livuthwa, Uyazityhila Yena.

40 Njengobushushu belanga, ukuyivula. Xa ithambile isentsha, liyikhupha ngaphandle emhlabeni, imbewu; lize liyinike amagqabi ayo, kwesinye isigaba selanga. Ilanga elishushu liyakuyibulala yona ukuba yimbewu evuthwayo... okanye ixesha lokuvuthiswa. Ke, Uyalilawula ilanga kwaye ulawula indalo, ukuze ihlangabezane neLizwi Lakhe.

Uyalilawula iBandla, abanyulwe ngelixa elingaphambili, uMtshakazi, ukuhlangabezana nexesha abaphila kulo.

41 Nkqu nendalo ngokwayo iyasixelela namhlanje, njengoko sibona izizwe zisaphuka, umhlaba uzika, umbhalo wesandla useludongeni. Sibona ibandla nemeko elikuyo.

Siyabona uMtshakazi nemeko Akuyo. Kwaye siyazi, ngendalo, okokuba iBandla lilungiselela ukunduluka. Elinjani ukuzuka ixesha! Lixesha apho bonke abaprofeti ababenqwenela ukulibona, le yure.

42 Ngoku, Utyhila iLizwi Lakhe kuphela kwixesha Lalo. UMartin Luther wafunda iBhayibhile enye esiyifundileyo.

UWesley wafunda iBhayibhile enye uMartin Luther ayifundileyo. AbakwaMoya bafunde iBhayibhile enye esiyifundayo. UYesu ufunde iBhayibhile enye abaFarasi abayifundayo, kodwa baba . . . Ukuzama ukugcina umbona ukwixesha langaphambili, xa wawivuthwa, basilela ukubona iyure yabo.

Ngoku uDavide wenza kwa into enye apha.

43 UThixo utyhila iLizwi Lakhe kwixesha, nakulowo Akhetha ukuLityhila kuye. UThixo ukhetha lowo Alityhila kuye Lona. Wakhetha oko ngaphambi kokusekwa kwehlabathi. Konke ukwenza Kwakhe kwaziwa ngaphambili nguYe, kwafihlwa emntwini. Ulityhila nje nje ngokuba Ethanda. Lixesha Lakhe alikhethileyo, umntu Amkhethileyo. Kwaye Akazange akhethe iqela okanye iqumrhwana; ngumntu onyuliweyo, indlela Ayenza ngayo.

44 Ngubani lowo unesibindi sokuMlungisa, aze athi, "Ngoku, Nkosi, Wenze impazamo ngokubeka *le* ndoda kulungiselelo. *Le* ndoda ayikholwa njengokuba sikholwa"? Ngubani ozakumxelela uThixo ukuba Akalungisanga koku? Iyakuthabatha umntu obunjubanqa kunokuba ndenzile, ukumxelela Yena oko. Uyazi into Ayenzayo. Uyazi ukuba makakhethe bani nokuba angakhethi bani, yintoni amakayenze nokuba makayenze nini. Nokuba sicinga kangakanani ukuba umntu othile ufanelekile ukwenza umsebenzi othile, uThixo uyazi ngubani ofanelekileyo ngexesha nesigaba, okanye ixesha kunye nexesha elilungileyo lokuyenza.

45 Kwaye owenene, onyanisekileyo umKristu; elenene, elinyanisekileyo ikholwa kuThixo, lilindela iNkosi ngezi zinto. Linda ngolungiselelo lwakho. Ukuba uva ngemvakalelo ubizo, qiniseka ukuba lowo nguThixo. Qiniseka ukuba oko kulungile. Qiniseka ukuba kusexesheni oko ukutshoyo. IBhayibhile ithe, "Abo balindela eNkosini bayakuhlaziyeka emandleni. Bayakuntingela phezulu ngempiko njengokhozi. Bayakugidima bangadinwa. Ukuba bayahamba, abayi kutyhafa."

46 Qwalasela uDavide, ukumkani kaSirayeli, nje esandula kuthanjiswa. USamweli wagalela i-oli phezu kwakhe, kwaye wayengumanyulwa kaThixo, ukuba abe ngukumkani kaSirayeli. Kwaye ngoku uDavide wafumana esi sityhilelo, sokuzisa ityeya yeNkosi ayinyuse ize emzini kaDavide. Ngoku, akukho nto ingalunganga, kodwa, uyabona, uDavide waya kuyo ngokungalunganga.

47 Ngoku, ikhangeleka ngathi ukuba indoda enjeya ingafumana isityhilelo, indoda ebalulekileyo njengokhethwe nguThixo ukumkani, oyena kumkani ulungileyo wakhe waphila emhlabeni, ngaphandleni koKristu, ndiyaqikelela, yayingu Davide, ngoba uKristu nguNyana kaDavide. Ngoku, eyona ndoda ibalulekileyo, igqitywa kuthanjiswa, isuka kanye

eBukhoneni bukaThixo, yafumana isityhilelo sokwenzela uThixo into, kwaye ifuna ukuyenzela uThixo; kodwa isityhilelo sasiphosakele. Ngoku, leyo yinto enkulu. Iyakuqubisana nomxholo wethu: *Ukuzama Ukwenzela UThixo Inkonzo Ungakhange Ubizelwe Ukuyenza.*

48 Qaphela, uDavide wafumana isityhilelo. Kwaye qaphela, yayingengomprofeti, uNathaniyeli, owafumana isityhilelo. YayinguDavide, ukumkani, owafumana isityhilelo. Kungazange kubuziswe nakuNathaniyeli. Akazange abuze kuNathaniyeli. Kodwa uyabona apha, kwiziKronike zokuQala, wabuzisa kubathetheli-mawaka, nakubathetheli-makhulu? Akazange abuzise kuNathaniyeli. Wabuzisa ebantwini, kwaye wabuzisa nakubabingeleli nabakwezakwalizwi baloo mhla, ababhali nabakwezakwalizwi. UDavide wabuzisa kuqala, wathi, "Ukuba kona, oku, kuvela kuThixo, masihle siye kuyibuyisa ityeya yomnqophiso kaThixo wethu, siyinyuse iye emzini, kwaye masibuzise kuThixo phambi kokuba senze izinto."

49 Kodwa wathi, ngemihla kaSawule, "Bemka ekubuziseni kuThixo, nge—nge—ngetyeya, iUrim, i-Urim Thummim. Bemka ekuyenzeni lonto."

Wathi uDavide, "Ngoku masibuyele kuThixo, sonke kuthi! Masibuyele kwinto elungileyo. Masihle siyekuyithatha ityeya size siyizise apha, sizise uBukho bukaThixo," ngamanye amazwi, "siyizise kuwo umzi. Masibambe imvuselelo. Masibuyise abantu." Kodwa wafumana isityhilelo, esasikhangeleka silungile, kodwa yayingeyontando kaThixo.

50 Endaweni yokubuza umthombo awayefanelwe kukubuza kuwo, wabuzisa kubaphathi mikhosi bakhe, ngokuba wayesandula kuba ngukumkani. Kwaye walandela la ndlela yokucinga, yokuba, izikhulu zabaphathi mikhosi bakhe kunye namadoda akhe abalulekileyo.

51 Waze ngoko waya ebandleni lenkangeleko waza wabuza ukuba bangaba nayo na imvuselelo. Ababingeleli, ababhali, abaphathi mawaka, abaphathi makhulu, kwaye wabuzisa kubo. "Ingaba lena ibiyintando yeNkosi?" Kwaye bathi yayiyiyo. Kodwa, uyabona, wasilela ukubuza kowona mthombo asoloko esebenzisa wona uThixo. Yabona, wasilela ukuyifumana.

52 Ngoku injongo yakhe yayintle. Imbono yakhe yayilungile. Uluvo lwakhe lwalulungile, kwaye elokuzisa imvuselelo esixekweni, ababuyisele abantu emva kuThixo. Kodwa akazange abuzise ngendlela uThixo awamxelela ukuba ayenze. Yabona?

53 Nkqu nabo bonke abantu bavuma, kanye nababingeleli, nokuba ukumkani ebelungisile, "Babefuna ityeya ibuyele esixekweni. Ngoku, babefuna uBukho bukaThixo. Babefuna imvuselelo." Kodwa uThixo akazange athembise ukulityhila

iLizwi Lakhe, kwixesha Lalo, ebantwini. Akathembisanga ukulityhila Lona kukumkani, ngexesha. UThixo akaguquki, nakancinci. Akazange athembise ukuyenza lonto.

54 Nokuba unyaniseke kangakanani, nokuba zimbono ezilunge kangakanani, nokuba luluvo olu lunge kangakanani, nokuba abantu bazifuna kangakanani ezo zinto kwaye babone imfuneko yayo, kukho intando kaThixo ekufuneka yenziwe kwezi zinto. Yilonto endifuna ukuyibethelela ihle iqine, ngokuba ndifuna ukwenza oku ukuze ubenokuyibona ukuba—ukuba uMoya kaThixo uhleli ngaphakathi kuwe. Kwaye eso sisizathu ndilibazisa ithuba elide apha. Hayi ukuthatha ixesha elide lenu bantu eminxebeni, nakwabaqhangamsheleyo, kodwa ndi—ndifuna niyibone. Ukuba ushiywa lixesha, ngoko fumana iteyiphu. Apho ku . . .

55 Akukhathaliseki nokuba ifuneka kangakanani, uvumelana kanganani wonke umntu okokuba iyimfuneko, kukangakanani oko ukuba kuyiNyaniso, kukho kuphela into enye yokuyifumana. Ingaba leyo yintando kaThixo?

Ngoku, uThixo akazange athembise ukuba Uyakuzityhila iimfihlelo Zakhe kookumkani Bakhe, Uyakuzityhila iimfihlelo Zakhe ebantwini Bakhe.

56 Into ethile efana nexesha likaMikayi, unyana ka-Imla. Njengoko sishiya, hayi isiqendwana, kodwa elinye ixesha, ukuzisa oku ngaphakathi kwaye ndikwenze kube yinyani kuwe, inene kuwe, ukuze ungayiphosi.

57 Kwakukho, ngemihla kaMikayi . . . Wayeyindoda elihlwempu, kwaye wayephuma kwikhaya elihluphekileyo. Kodwa, u-Ahabhi, ukumkani kwaSirayeli, njengesizwe siphantsi koThixo, wabekela bucala isikolo kwaye wazisa abakhethiweyo, abonyulwe ngesandla abaprofeti, kwaye wayenamakhulu amane wabo esikolweni. Kwaye yayingamadoda abalulekileyo. Yayingengobaprofeti nje bobuxoki. Babe ngabaprofeti bamaHebhere, amadoda oqobo. Kwaye babe buzisa eNkosini ngala madoda. Kwaye ayeprofeta. Kodwa, uyabona, xa amanqam enene efika, baye bonke ngabanye bengaphandle kweLizwi likaThixo nentando. [Indawo engananto eteyiphini—Mhl.]

58 Ngoba uYehoshafati wehla evela eYerusalem ukuza kuhlangana no—nokumkani u-Ahabhi, kwaye banxiba iingubo zabo, baza bahlala ngaphandle e—endleleni yesango, baza bazisa babanyusa abaprofeti babazisa kubo. Okokuqala, wathi u-Ahabhi, "Sinendawo phesheya phaya eRamoti yeGiliyadi ncakasana iyeyethu." Ngoku, lowo ngu ITSHO INKOSI. UYoshuwa wayabela abantu waza wayinikezela kubo, kodwa amaFilistiya ayeyixuthile.

Waza wathi, "Naba abantwana bethu bafuna isonka, kwaye asinawo owaneleyo umhlaba wokukhulisa isonka kuwo.

Kwaye utshaba lwethu, amaFilistiya, ondla abantwana bawo, abahedeni, kuwo kanye umhlaba awathi uYehova uThixo wasinika wona." Ithe tse kanye lonto. Waza wathi, "Naku, thina, bantu bakaThixo, sihleli apha kunye nabantwana bethu, siswele, lwaye utshaba lwethu lusondla abantwana balo kumhlaba awathi uThixo wasikhupha eYiphutha waza wawunikezela kuthi." Oko bekuyakuvuselela owakwalizwi, akuyi kwenza njalo? Wathi, "Siyakunyuka na sithabathe umhlaba wethu awathi uThixo wawunikezela kuthi?"

59 Wathi uYehoshafati, "Ewe, ndiyakukunceda. Singabazalwana. UkwaJuda, kwaye mna ndise—ndiseYerusalem." Okanye—okanye, yayingendlela ephendulelekileyo? Ndiyakholwa . . . Hayi, injalo lonto. Ndiyayicinga . . . uYehoshafati.

Nakuba kunjalo, uYehoshafati wayeyindoda elungileyo, ukumkani, ilungisa lendoda eyayithanda iNkosi. U-Ahabhi wayelikholwa elidikidi. Ke babahlisa, waza uYehoshafati wathi, "Phulaphula, masibuzise kwiNkosi, kuqala. Kufanele sifumane malunga noku." Yabona, ukuba uDavide wayenokwenza oko uYehoshafati wakwenzayo! Wathi, "Akufanelanga na sikwenze oku?"

Kwaye kwamsinya, ekubeni engumSirayeli, wathi u-Ahabhi, "Ngokuqinisekileyo. Ndinamakhulu amane amaHebhere, njengoko sinjalo, abaprofeti bamaHebhere bombutho wethu. Kwaye ndizakubuzisa kubo. Bangabaprofeti." Ngoku, uyabona, nje . . .

60 Wena uthi, "Iyandikhubekisa lonto, Mzalwana uBranham. Umprofeti?" Owu, ehe. Kwakukho omnye ngexesha likaYeremiya, owathi bayakuba sezantsi phaya iminyaka emibini. INkosi yamxelela uYeremiya, "amashumi asixhenxe." Wabeka idyokhwe entanyeni yakhe, waza umprofeti wayaphula, uHananiya. Kodwa uyazi kwenzeka ntoni kuye. Owu, ehe. Kufanele uhlale neLizwi.

Ke aba baprofeti benyuka baza baprofeta, kwaye bathi, "Nyukani! INkosi inani."

61 Kwaye omnye wabo, ndiyakholwa (ndilibele igama lakhe ngoku) umphathi, uZedekiya, ndiyakholwa, wathi, wabeka impondo zesinyithi zambini waza wathi, "ITSHO INKOSI. Ngoluhlobo," ngoku la ndoda yayinyanisekile, "niyakulidudula utshaba lwenu liyokutsho kwimihlaba yalo, nize nithathe oku kukokuka Thixo. Kunikelwe kuni." Andikholelwa ukuba wayengumhanahanisi. Ndiyakholelwa wayeyindoda elungileyo. Ndiyakholelwa bonke abo baprofeti babenjalo.

62 Wena uthi, "Abaprofeti?" Aha! Khumbula, kwa eyona ndoda yayizibophelele ekubulaleni uYesu Kristu, yaprofeta, ngokuba yayisisikhundla sayo. Yayingumbingeleli omkhulu

ngaloo nyaka. Kwaye ngenxa yokuba inesa sikhundla, kwaye ikwesosikhundla, uMoya kaThixo weza kuyo. Oko akuthethi ukuba yayisindisiwe okanye nantoni na malunga noko. Kwaye yaprofeta, uKayafa, ngokuba yayisisikhundla sakhe esakwenzayo oko.

63 Kwaye aba baprofeti, ekubeni bengabaprofeti, besikhundla sobuprofeti, baprofeta. Kwaye uMoya kaThixo weza kubo, amadoda aneziphiwo zikaMoya.

64 Ndiyaqonda ndithetha kumashumi asithoba anesithoba ekhulwini lwabakwaMoya. Kodwa amadoda amaxesha amaninzi, indoda, uThixo unokuqubisana nawo, awanike isipho, kwaya abantu bayakuzingundanisela kwabo bantu. Ukuba ababizwanga ngokugqibeleleyo kwaye bethunywe nguThixo, uyakubangela la ndoda okanye la mfazi atsho into engeyontando Yakhe, ngokuba abantu bayanyanzela ukuba bayenze.

65 Indlela ekuye kwafuneka ndifumane owethu omcinci umalusi apha kuyo. Phandle apha emahlathini ngenye intsasa, malunga nentsimbi yesithathu ekuseni, ndathi, "Yiya kuxelela uMzalwana Neville!" Ndiyeza kuwe, andenzanga njalo, Mzalwana uNeville?

66 Wonke ubani, "Mzalwana uNeville, baprofeta ngam. Bandixelele *oku* okanye *okuya*." Yabona? Nimvile ethetha izinto kuze emva koko zingenzeki.

"Abo balindelayo," ukufumana oko iNkosi efuna kwenziwe. Yabona?

67 Ke la madoda ajonga kuyo ngendlela yenyama, "Ngowethu." Kodwa, uyabona, abazange bafumane Lizwi kunye nentando kaThixo.

68 Emva koko uMikaya wehla, waza waba nombono. Wawuphendlisisa, kuqala, uyaqaphela. Wathi, "Lindani. Ndinikeni obu busuku. Mandifumanise, kwaye ngomso mhlawumbi ndinganiphendula." Wayengangxamanga, "ITSHO INKOSI," njengo, ekuvumelaneni nabanye abaprofeti. Wathi, "Ndiyakuthetha kuphela oko uThixo akutshoyo."

Kwaye kusuku olulandelayo, siyafumana, uThixo wamxelela okuyakwenzeka. Kwaye yayichasene mpela kwabanye. Isikolo sonke, yayichasene. Nkqu nomnye wabo wenyuka wamqhwaba ebusweni, ngenxa yoko. Kodwa, yabona, walinda. Emva koko xa wakwenzayo oko, wathelekisa isiprofeto sakhe, umbono wakhe, kunye neLizwi elibhaliweyo, kwaye yayilungelelene neLizwi.

69 Xa umntu othile esithi ba "fumene isityhilelo sokubhaptizela abantu eGameni lika 'Yise, Nyana, Moya oyiNgcwele,'" oko kuchasene neLizwi. Akukho namnye kubo bonke owakhe wayenza. Xa bathi, oko, "Owu, sizakuma,

kwaye *oku*, *okuya*, kunye *nokunye*," nanjalo njalo, kuchasene neLizwi. Xa besithi bona, "abakholelwa kwimbewu yenyoka," oko kuchasene neLizwi. Zonke ezinye zezizinto, zichasene neLizwi. Kufanele ibe kunye neLizwi kwaye exesheni.

70 Ngoku, ukuba uDavide wayenokwenza kuphela lonto. Ityeya yayisiza, kodwa hayi ngela xesha; kwakungekho ndawo yayo.

71 Qaphela ngoku xa behlayo ukuya kuthatha ityeya, zonke izikhulu zathi, "Le yinto yokwenziwa, Davide. Uzuko kuThixo! Sidinga imvuselelo." YayikokwakwaMoya ngenene, namhlanje; Bhaptizi, Rhabe, "Davide, ungukumkani wethu! Nina nonke. . .Baphathi mikhosi *Zibani-bani*, kunye noMphathi omkhulu *uZibani-bani*, noNjengele *Zibani-bani,* bayakuba semhlanganweni wakho. Kutheni, bathi oko yeyona nto yokwenziwa, Davide. Isizwe sonke singakuwe."

Yilonto iyingxaki namhlanje. Andifuni isizwe. Ndifuna uThixo, ukuba akukho omnye umntu omayo.

72 UDavide wayenabo bonke abathetheli-mikhosi. Wayenentsebenziswano nemikhosi yokulwa. Wayenentsebenziswano nawo onke amahlelo, nabo bonke abakwalizwi, nabo bonke, wonke umntu evumelana naye. Kwabanjalo naku Ahabhi, nakwabanye eSibhalweni; kodwa wayengenaye uThixo, ngokuba wayengaphandle kwentando kaThixo. Ndiyathemba siyakufumana oku.

73 Qaphela, benze yonke into yezenkolo ababenakho. Mhlawumbi babeka izibhengezo kunye nento yonke, "Imvuselelo enkulu! Ityeya izakubuyiswa. Sizakuba nemvuselelo. Sizakwenza *oku*."

74 Qaphela, wathumela iimvumi. Wathumela abantu nogwali, namaxilongo, kwaye benza yonke into yenkolo ababeyazi ukuba yenziwa njani; kwaye noko uThixo wayengekho kuyo.

Ngandlela ithile siyibona iziphinda kwakhona, asinjalo?

75 Bathatha zonke iimvumi. Bathatha abadlali bogwali, abavutheli maxilongo; abafazi, amadoda, nabani na oculayo. Babathatha behla nabo phaya, kwaye bangena kuzo zonke imvakalelo zenkolo.

Andifuni kukutsho oku, kodwa kufanele ndikutsho. Ke anjalo lamahlelo namhlanje, abakwaMoya nabo bonke, bangena kuzo zonke imvakalelo zenkolo, zokucula nokukhwaza.

76 Qaphela, uDavide wakhwaza ngamandla akhe onke, kwaye wakhala, waza waxhuma, kwaye wangena kuzo zonke imvakalelo zenkolo ezazinokubakho; kwaye noko uThixo wayengekho kuyo. Kwaye injongo yakhe, kunye nembono yakhe, kunye nayo yonke yayilungile; kodwa wahamba ngendlela ephosakeleyo ngayo. Yabona? Wenza zonke

iintshukumo zenkolo; wakhwaza, wacula, waba nabaculi abakhethekileyo, abakhwazi abakhethekileyo, nento yonke. Bangqungqa kumoya. Benza yonke into eyayiyeyenkolo.

77 Inje ngokuthile okunje ngeminyhadala yexesha lethu. Bafuna ukuzuzela ihlabathi kuKristu. Akukho nto injalo. Ezinkulu ezigqwesileyo imvuselelo, izinto ezinkulu zisenzeka; ukuba nje bebenokuqonda, ukuba la mhla udlule. Uphelelwe. Kodwa bayakha, iminyhadala, imibutho, nayo yonke into. Kodwa, iziphumo zimalunga njengokuba zazinjalo ngexesha likaDavide, zange isebenze.

78 Siyahamba siye kuba nemvuselelo. Abethu abakhulu, abanye babavangeli bethu abakhulu namhlanje, bathi banamashumi amathathu amakhulu abaguqukileyo, ngexesha leeveki ezintandathu; kwaye ngonyaka ukusuka apho, buya uye, abanakufumana namashumi amathathu. Kukho into engalunganga. Yintoni, yinto enye uDavide wayenzayo. Izikhulu ezibalulekileyo, amadoda abalulekileyo, abashumayeli ababalulekileyo, izikolo ezikhulu, amagunya amakhulu, kodwa basabuzisa kwihlelo elidala endaweni yokujonga ebusweni beLizwi likaThixo baze babone xa ixesha lililo. Akunakuvelisa ukutya okuthile kuphela ngamaxesha athile onyaka.

79 Ngoku masibone kwenzeka ntoni. Nakubeni ezabo . . . Imvakalelo zenkolo nezinto zazintle, injongo zabo zazintle, iminyhadala yabo yayimihle, ukucula kwabo kwakukuhle, ukungqungqa kwabo kwakukuhle, ukukhwaza kwabo kwakuhle, umculo wabo wawumhle, kwaye babenetyeya. Ilunge kanjani ityeya ngaphandle koThixo? Liqokobhe nje leplanga, iqela lamacwecwe amatye.

Kunje ngokuthabatha umthendeleko, ukubhaptizwa. Yintoni elungileyo ubhaptizo elukwenzayo ukuba akuguqukanga kuqala? Yintoni elungileyo okukwenzayo, ukudla umthendeleko, ube ngumhanahanisi, ukuba akuphili bomi uze ukholelwe lonke iLizwi likaThixo? Uthathe inxalenye yaLo, ingekokuphelela kwaLo, ibonisa ukuba kukho okungalunganga.

80 Ngoku, xa zonke ezi zinto zisenzeka, masibone ngoku ukuba kwenzekani xa uThixo, kunye nesigaba Sakhe nexesha Lakhe, lingahoywanga; nje uluvo lwabantu.

81 Abantu abaninzi bathe kum, "Kutheni ungaweleli ngapha uze ube nomhlangano? Kulungile, sikubizile. Tyikitya *oku*, *okuya*, okanye *okunye*."

Khawume! kusenokuba uyafuna, kodwa uthini uThixo malunga nayo? Abantu abaninzi bathe kum . . . ndifumene isimemo, ndibe neendliwano-ndlebe, iindliwa-ndlebe zabucala kunye nezinto, ndilinde unyaka. Linda! Ndiyakwazi njani emandikuthethe ade uThixo andixelele emandikuthethe?

Yabona, kufanele ndilinde! Seso sizathu ndathi, "Kubhale oko. Makhe ndibone oko Akutshiloyo." Yabona? Linda! "Abo balindela eNkosini bayakuhlaziyeka emandleni." Injalo lonto?

82 Qwalasela, babuzisa kubabingeleli kuphela baloo mhla, abakwalizwi, amahlelo. Kwaye qaphela, ngokwenza lonto, ukubuzisa kubabingeleli nokubuzisa erhamenteni, ukubuzisa ebantwini, benza ngokuphosakeleyo.

83 Qwalasela, ityeya yayiliLizwi. Siyazi ukuba oko kunjalo. Ngoba, ityeya nguKristu, kwaye uKristu liLizwi. Yabona? Ityeya, okanye iLizwi, lalingabekwanga kwindawo yalo yokuqala, eyonyuliweyo, eyonyulwa ekuqalekeni. Owu, sukusilela ukukufumana oku, bandla!

Yonke into yayigqibelele, kwaye yonke into yakhangeleka ntle, njengemvuselelo enkulu eyayisiza; kodwa ngenxa yokuba basilela ukubuzisa koyena mntu ufaneleyo malunga nayo! Babuzisa kubabingeleli, babuzisa kwizikhulu, babuzisa kwabakwezakwalizwi, babuzisa kubaculi, kwaye benza yonke into yaba mxhelo mnye, kwaye yaba ngumbutho omkhulu womkhosi, kananjalo kunye ne—ne—nemikhosi yesizwe. Yonke into yaba kucwangco lomhlangano omkhulu, kodwa basilela ukubuzisa kuThixo. Ke wabanjalo no Ahabhi, ke babanjalo nabanye. Elinjani ithuba!

84 Ngoku sanukuyiphosa lento. Basilela ekuyifumaneni, ngokuba zange babuzise. Kwaye ngokwenza oko... Qaphela. Ngokuya kubabingeleli, ngokuya kwabakwalizwi, nangokuya emikhosini, kwa nokungakhathaleli nowabo othunyelwe nguThixo umthunywa weyure, uNathan, bayenza ngokuphosakeleyo. Basuka baya kuyithatha ityeya bayibeka phezu kwenqwelo entsha, bayibeka phezu kwenqwelo entsha, okanye, "ihlelo elitsha lizakuqala," kwaye kungekho kwenikezelwa nguThixo, indlela eyanyuliweyo yokuyibeka. Yayifanele ibekwe phezu kwamagxa abaLevi. Kodwa, uyabona, xa uqala ngokuphosakeleyo, uyakuqhubekeka uhamba phosakeleyo.

85 Ukuba imbhumbhulu ifanele iqhutyelwe kwixhoba, uze uxhuzule isiqu sompu isinye kwiwaka ukusuka apha, into yokuqala, kumlinganiselo bomgama wekhulu usecaleni ngesine okanye isihlanu see-intshi. Uqalise ngokuphosakeleyo.

86 Owu Thixo, sincede siyazi lento ukuba iqale ngokuphosakeleyo, lomnyhadala mkhulu weyure, kwaye bebesakibizwa njalo. UThixo akabuzwanga malunga nayo. Ababingeleli kunye namadoda enkolo abuziwe. Imibutho ibuziwe. "Kulungile, uyakubanaye *ubani-bani*? Ndiyakholwa, ukuba singahlanganisa wonke umntu!" Sukuhlanganisa abantu kunye. Fumana nje iLizwi likaThixo malunga nayo.

87 Ngoko siyafumana, xa bakwenzayo oko, benza ntoni? Baqhubekeka behamba ngenkqubo yabo endala yenkolo, leyo

engaphandle kweLizwi likaThixo kunye nentando kaThixo. La nto yafa, kwiminyaka eyagqithayo, zona ezomileyo ezindala zeminyaka eyagqithayo.

88 Yoma ngexesha leNkosi Yesu. Abazange bayazi. Wathi, "Ukuba benimazile uMoses, ngenindazile naM, ngokuba uMoses wathi Ndiyakuza."

Bathi, "Oobawo bethu badla imana entlango."

89 Wathi, "Bafile bonke!" "Zimfama," Wababiza njalo bona, baFarisi, bakhokeli benkolo. "Ngaphandleni kokuba nikholwe ukuba NdinguYe, niyakufela ezonweni zenu." Kodwa zange bayenze lonto. Babeqinisekile kwiindlela zabo. Kwafanela bayenza ngendlela yabo.

90 Yindlela awenza ngayo uDavide. Wenza ngendlela yakhe, ke wathi nje, "Niyazi endiyakwenza? Siyahamba." Waba nesityhilelo. "Siyahamba ngoku, ke siyakwenza indlela entsha. Imihla yemimangalisi yadlula, ke siyakuzenzela omnye umbutho. Siyakwakha inqwelo entsha, sibonise ukuba into entsha iqalisile." Esinjani ukuxoka isiprofeto!

91 Kufanele ubuyele emva ngendlela athe uThixo yenze ngayo. Babeyibeka phezu kwamagxa abaLevi, kwaye oko kwakuphezu kwentliziyo. Ityeya, iLizwi, alibekwa phezu kwehlelo elitsha, phezu kweenkcazo ezizingcingane zomntu othile, kodwa entliziyweni. ILizwi likaThixo alifanelwe kuphathwa ngamahlelo; kufanele Liphathwa yintliziyo yomntu, apho uThixo anokungena phaya aze Azityhile. Kwaye ukuba uyityhila ngokweLizwi, nguThixo; akuba ayinjalo, asinguye.

Kwaye, ngoko, iLizwi lelaxesha! Ngokuqinisekileyo, umFarisi angathi, "Ngubani osixeleleyo ukuba asinakuyenza *lena* na*leya*? UMoses wasinika lemiyalelo."

"Kodwa uMoses watsho futhi . . . "

USathana wathi, "Ngokuba, kubhaliwe, 'Uyakuziyalela eZakhe iiNg- . . . '"

92 "Kananjalo kubhaliwe," watsho uYesu.

Ilixa, ixesha! "Ukuba benimazile uMoses! Ninaye onimangalelayo, uMoses. Ukuba benimazile uMoses, ngenindazile naM," Wathi, "kuba uMoses wabhala ngaM. 'INkosi uThixo wenu uyakunivusela umProfeti phakathi kwenu, kubazalwana benu; Yena bayakumva.'" Ukuba babemazile uMoses, ngebabemazile Yena.

93 Ngoku ngokusondeleyo, phulaphula, sukukuphosa oku ngoku. Yabona, into yokuqala, xa babuzisa kubabingeli, babuzisa kwizikhulu, babuzisa emkhosini, babuzisa kuyo yonke irhamente, abahlali, ukuhlanganiselana lo mhlangano mkhulu uzayo, basilela ukuyenza kakuhle. Abazange babuzise kuThixo. Kwaye, ngokwenza njalo, ngokungabuyeli emva ukuze babone kwakuxesha lini!

94 Owu, mzalwana, phulaphula. Xesha liphi esiphila kulo? Sesiphi isigaba? Yeyiphi iyure esikuyo? Asiloxesha lezi zinto abathetha malunga nazo. Ligqithile. Umgwebo usondele ngoku. Ungawubona uqhekeka. Niyakhumbula ilityе phezulu entabeni? Iyure yomgwebo! Niyakhumbula isityhilelo, okanye umbono woMtshakazi? Mgcine nje enyathelweni. Sukumvumela aphume Yena enyathelweni.

Qwalasela, "Phezu kwamagxa ababingeleli!"

95 Kwaye uDavide nabo bonke ababingeleli, babefanele ngenene bayazi ngcono, kodwa yayintoni? Ababingeleli kwakufanele bazi ngcono. Ababhali, abakwalizwi, kwakufanele bazi ngcono, ngokuba iLizwi lithi ungayenzi lonto.

96 Kwaye namhlanje xa befuna ukuthi, "Owu, uYesu Kristu akanguye izolo, namhlanje, naphakade. Olo lufundo lwengqondo. Oko k*oku*, *kokuya*, okanye *okunye*." Basilela ukubona iLizwi elithenjisiweyo. "Owu, oko kwakukoko mhla owagqithayo."

UDavide wathi, "Owu, kulungile, ngoku linda umzuzu. 'Phezu kwamagxa a—ababingeleli,' kwakusemva xa uMoses waphumayo. Ngokuqinisekileyo, thina, siyakuyibeka phezu kwenqwelo entsha namhlanje. Ndifumene isityhilelo sayo."

97 Bathi ababingeleli, "Amen, Davide!" Yabona, ephenjelelwa liqumrhu lika zwe-lonke weecawa, okokuba bonke bafanele babe banye kwaye benze oku *ngale* ndlela na*ngala* ndlela, yilonto eyabangela ababingeleli bakhubeke. Abazange babuzisa kumntu onguye. Abazange bayenze kakuhle, ngenxa yoko bangena engxakini. Ehe.

98 Ndiyoyika, kwizinto ezininzi namhlanje . . . Xa ababalulekileyo abafundisi, omnye wakwaMoya obalulekileyo, wema phambi kweqela lezenkolo ngobunye ubusuku eChicago. Ndandifanele ndibe nala mhlangano naMadoda angooSomashishini; kodwa ndacinga ndiyakuba se-Afrika ngela xesha, kodwa ndabuya ngosuku oluphambi kokuba uqale. Kwaye bakhetha obalulekileyo ungqondo-ngqondo wakaMoya, kwaye waphakama waza wabaxelela ukuba lentshukumo kazwe-lonke weecawa yayinto kaThixo. Waza wathi bonke kubo bayabuya, nkqu nebandla lobuKatolika lizakubuyela kwimeko yalo yemvelo, bonke bethetha ngeelwimi njengobungqina, nanjalo njalo. Kwaye bengazi ukuba oku sisabatha sikamtyholi!

99 Kwaye indoda endingakhange ndiyazi . . . Ngamanye amaxesha utyala imbewu; akwazi okuzakwenzeka. Kodwa umongameli waMadoda Evangeli Engcwele angooSomashishini, kwamsinya nje isithethi esibalulekileyo sihlala phantsi, wathi, "Ndinqwenela ukungathethi izinto ngokuchasene nezithethi zethu, kodwa asiyondlela uMzalwana uBranham athe iyakwenzeka. Kodwa wathi iyakukhokelela kuphawu lwerhamncwa."

Yathi, “Kodwa Umzalwana uBranham akayazi into athetha ngayo.”

Wathi, “Siya . . . kholwa uyayazi.” Yabona?

100 Kwaye eChicago, wathi, “Bangaphi apha abanokuthanda ukuba ndinyuke ndize ndinike elam icala ngayo?” Baqalisa ukukhwaza nokukhala.

Yabona, utyala iimbewu; akwazi okuyakwenzeka. Qhubekeka nje ubeka iMbewu. Xa la yure ifika, abanye babo ba . . .

101 NjengoTomasi, wayemalunga nowokugqibela ukubona iNkosi. Kodwa, kwafuneka ambone Yena, ukuze akholwe kuYe. Yabona, xa beyibona isenzeka. Owu, uTomasi wafika, kodwa wayesemva kwexesha kancinci.

102 Ngoku xa bebona izinto ebeziqikelelwe, baze bathi ITSHO INKOSI, zisenzeka, bathi ngoko, “Sinikeni enye ye-Oli yenu.” Yabona?

103 Kodwa ngoku qwalasela, impembelelo. Ngamanye amaxesha abafo ababalulekileyo bayahlangana. Uyabeva besithi, “Obalulekileyo *uBani-bani*, nobalulekileyo *uBani-bani*, owethu obalulekileyo . . . ” Ningaze niyenze lonto.

Akukho namnye mkhulu phakathi kwethu. Mnye kuphela Omkhulu, kwaye lowo nguThixo. Singabazalwana, oodade. Andikhathali nokuba walusa ibandla elinabantu abahlanu kulo, oko akukwenzi mncinci; oko kukwenza umzalwana, yabona, ukuba unyanisekile eLizwini likaThixo. Akukhathaliseki nokuba yintoni, njani; akubi mncinci. UThixo akanabantwana abancinci nabakhulu. Unabantwana nje kuphela. Bayinto nje efanayo.

104 Qaphela, uThixo ngokwaKhe weza esuka kumabhotwe asebuQaqawulini, ukuze abe ngomnye wethu. Ngoku ngubani omkhulu? Wathatha . . . Hayi ukuza ezantsi apha ukuza kuthatha indawo kambingeleli, kodwa isicaka. Wahlamba kwa elo dongwe waludalayo Yena, iinyawo zabapostile Bakhe nabanye. Ngoku ngubani omkhulu?

105 Kodwa ukuphenjelelwa, la madoda ayenjalo. Babengaqondi. Bacinga into ethile entsha yayizakwenzeka, hayi, into ethile angazanga athi uThixo izakwenzeka. Baya kuyo ngendlela engalunganga.

Kuko konke okukuthabatheka, xa i . . . yaqalisayo emva ngaphaya, kwixesha lakudala kakhulu, ihlelo ngalinye kwakufanele libe nomphilisi oNgcwele; hlelo ngalinye kwakufanele libe *noku*, *nokuya*, okanye *okunye*. Hlelo ngalinye kwakufanele libe noDavide omncinci. Ngamnye kwakufanele abe *noku*, *nokuya*, okanye *okunye*. Yabona okwenzekayo? Yenza kwa into enye eyayenzayo apha. Into ekwanye. Impembelelo!

106 ILizwi lelixa, ixesha ababephila kulo, zange likhathalelwe.

107 Qwalasela, “emagxeni abaLevi,” yayiyimvelo, enikezelwe nguThixo yokwenza ezi zinto. “Beka ityeya kumagxa abaLevi.” Yonke into engaphandle koko yayichasene. Lonto Awayitshoyo, yinto Awayebhekiselele kuyo. UThixo akanakuguquka. Seso sizathu, hlala neLizwi Lakhe! NdineSibhalo, ehe, iziKronike zokuQala 15:15, ukuba ufuna ukukubhala phantsi oko. Qwalasela.

108 Ngoku qwalasela, phaya, ekulandeleni uThixo. Ngoku ndifuna nina ngahlobo luthile nikubhale oku engqondweni yenu. Ukugcina imithetho kaThixo, ukumenzela nayiphi into elungileyo uThixo, ukwenzela—ukwenzela uThixo inkonzo ngokulungileyo, kukho imfuneko ezintlanu, ukwenzela uThixo inkonzo ngokuchanekileyo.

109 Ngoku uDavide wayesenzela uThixo inkonzo. Wayesenza yonke into awayekwazi ukuyenza, ngaphandle kokumshiya ngaphandle uThixo. Yabona? Wayesenza into elungileyo, into elungileyo eyenzela abantu, into elungileyo eyenzela ibandla.

110 Kodwa kukho imfuneko ezintlanu. Ndifuna nizikhumbule ezi. Akukhathaliseki nokuba indoda ingaba inyaniseke kangakanani ekuyenzeni, ukwenzela uThixo inkonzo, oku, ezimfuneko zintlanu kufanele zibe phaya.

Okokuqala, kufanele kube lixesha Lakhe lokuyenza.

111 Kungathini ukuba—ukuba uMoses angeza, athi, “Sizakwakha inqanawa size sidade ngeNayile, njengo Nowa wenzayo”? Ixesha lika Nowa lalilungile malunga nomkhombe, kodwa hayi ngexesha lakhe.

112 Kungathini ukuba uYesu angeza, athi, “Ngoku ndiyakunixelela into esiyakuyenza. Siyakunyukela nje entabeni, njengo Moses, size sifumane isibhengezo esitsha semithetho”? Yabona? Huh-uh! Wayengula mthetho. Yabona?

113 Kufanele ube kwixesha Lakhe. Kufanele ibe kwilixa Lakhe. Niyayifumana lanto ngoku? Kufanele ibe kwixesha Lakhe. Kufanele ibe kwilixa Lakhe, ixesha nelixa.

114 Kwaye kufanele ibe ngokweLizwi Lakhe ebelithethiwe. Ifanele. Andikhathali nokuba uthi *oku* kufanele kube nje, okanye *okuya* kufanele kube nje, okanye *oku* kufanele kube nje. Kufanele ibe ngokweLizwi Lakhe; ngokwexesha Lakhe nelixa Lakhe.

Kwaye ifanele inikezelwe ngokufanelekileyo, kumntu Akhethe ukuyenza ngaye.

115 Andikhathali nokuba zingakanani izikhulu. Nanko ukumkani uDavide, emkhulu njengabo bonke. Wayengukumkani phezu kwesizwe. Kodwa Wayenendlela yokuyenza, kwaye Wayebaxelele indlela Awayeyakuyenza ngayo. Kodwa basilela ukuyenza.

116 Kufanele ibe ngokweLizwi Lakhe; ngokwexesha Lakhe, ngokwenkqubo Yakhe.

117 Kwaye ifanele ibe ngokomntu Amkhethileyo wokumnika namakanyenze. UMoses wazama ukubaleka kuyo, "Thatha omnye umntu." Kodwa uThixo wakhetha uMoses ukuba ayenze. Abaninzi babo; uPawulos wazama ukuzikhupha; abaninzi babo. Kodwa kufanele ibe ngalowo Akhethe ukuyenza ngaye.

Kwaye kufanele ize, kuqala, kubaprofeti Bakhe. ILizwi likaThixo kufanele lize kubaprofeti Bakhe. Amos 3:7, "INkosi uThixo ayenzi nto ingakhange Iluhlakaze ucweyo Lwayo kubakhonzi bayo abaprofeti." Okwesine.

118 Kwaye umprofeti kufanele angqinelwe ngeLizwi likaThixo.

119 Naso isihlanu sakho seemfuneko. Kufanele ibe ngala ndlela. Ixesha Lakhe, ilixa Lakhe, Athe iyakubalilo; kwaye ngala mntu Amanyulileyo; kwaye ifanele ize kumprofeti; kwaye umprofeti kufanele abe ngumprofeti ongqinelweyo. Sifumana, abaninzi kubo eBhayibhileni, iza kubaprofeti kwaye yayingangqinelwanga. UMprofeti wethu nguYesu Kristu.

120 Ke ngoku qwalasela, yabona, uThixo zange atyhile into kubo ngedlela eyeYakhe yokuyenza. Bamkela indlela kaDavide. Bamkela indlela yababingeleli. Bamkela indlela yababhali, izifundiswa, kodwa hayi indlela kaThixo. UNathaniyeli, yayinguye, wayengumprofeti wala mhla. Kamva, uNathaniyeli wabaxelela indlela yokuyenza. Kodwa, yabona, bayenza ngaphandleni kokubuzisa kuNathaniyeli. Akukho nalizwi lithi kwabuziswa kuNathaniyeli. Yonke imbembelelo, into enkulu iqhubekeka! Kwaye, bethu, ndicinga ngala ngoma, "Masi, ngcina . . . "

> Ndincede, Nkosi, xa iintliziyo zisemadangatyeni,
> Mandilithobe ikratshi lam (ndihambe nabo bonke), ndibize nje kwiGama Lakho;
> Ndifundise ndingoyami koko abanye bakwenzayo,
> Lindelala impendulo nje emthandazweni kuYe.

Yabona, leyo yindlela engayo. Mandiyibone isenzeka ngendlela eyiyo, emva koko iyakholwelwa.

121 Ngoku, uThixo watyhila into kubo ngoDavide, nangabalungiseleli, nangabantu, nangabathetheli-waka, nabathetheli-khulu, kodwa hayi ngoNathaniyeli owayeno ITSHO INKOSI. Kwaye iNkosi ithe ayiyi kwenza nto Yona de ibe imbonisile la mprofeti wesigaba, kuqala, into amakayenze. Yabona abakwenzayo? Baphuma ngqo eLizwini likaThixo, bemka bayakubeka ityeya phezu kwenqwelo entsha. Yabona? Ke bahamba baya kuyenza ngaphandle komthetho kaThixo nendlela enikezelwe nguThixo.

Kwaye koko okwenzekileyo namhlanje, zihlobo. Yilonto sinemininzi iminyhadala emikhulu, nanjalo njalo, kwaye akukho ziphumo. Okuninzi ukunganyaniseki, okukhulu ukona, okuninzi . . . Ndiyakuxelela, esi sizwe siphelile; hayi kuphela esi sizwe, kodwa ezinye izizwe. Esi sizwe, njenge Ngilane yesinye isigaba, sibe lihenyukazi sazo zonke izizwe.

122 Kude le ezantsi eMozambique, amakhulu amane anesibhozo emayile ukusuka kwimpucuko, ehlathini, oongantweni babantwana baphulaphula ku Elvis Presley, baxhuzule intloko yabo kwaye bajakatyule ukubheka phezulu nasezantsi ngolwahlobo, ubusuku bonke, kunye nokuhla . . . Okanye, iqela elingakaya elincinci litsale malunga namawaka eemayile, liyekuma eRhodesia, ukuya kufumana u-Elvis Presley. Kwaye noko bathi, "Unenkolo kakhulu, yena noPat Boone, kunye nabo." Kutheni, nguYuda weyure, kwaye abazi. Leyo yindawo embi, bakholelwa ba—bayalungisa.

Akatshongo na uYesu kwesiSigaba seBandla laseLawudike, "Uze, ulusizana, uludwayinge, uyimfama, kwaye akuyazi lonto"? Akuyazi lonto!

123 Kulungile, abantwana babakwaMoya ezantsi e-Afrika najikelele, bathi, "Kulungile, u-Elvis Presley, ucula ngeyona ndlela intle ongazange uyive." Akukho mathandabuzo kodwa koko uDavide wakwenzayo, naye; akukho mathandabuzo koko iimvumi zakwenzayo, kodwa yabangela ukufa kubethe eminqubeni. Yabona apho bakhoyo, siphi namhlanje, zihlobo?

124 "Emagxeni abaLevi," yayiyindlela yasekuqalekeni kaThixo yokuyenza yona. Kwaye bayibeka yona phezu kwenqwelo entsha. Ngoku, ayisokuze isebenze. Abazange babuzise ngendlela elungileyo. Yabona? Ke baphuma, malunga nayo, baza bahamba malunga nayo ngendlela engalunganga.

125 Kwaye yilonto eyenzekileyo namhlanje. Xa amadoda, akukhathaliseki nokuba anyaniseke kangakanani, ezama ukumenzela Yena inkonzo ngokungaphandle kwendlela Yakhe enikezelweyo yokuyityhila, basoloko beyona yona. UThixo uyibeka ngendlela Yakhe. Amadoda, nokuba anyiniseke kangakanani, nizama ukuyenza, ngokungaphandle kokuya—niyakuyona.

126 Into ethile efana newayeyiyo uBhileham, ngomhla kaBhileham. UThixo wamxelela uBhileham, la mprofeti. Wayengumprofeti, umprofeti uBhileham. Wayengumprofeti, kwaye iLizwi laya kuye ngokuchanekileyo, wathi, "Sukuhla uye phaya. Abaya nganyulwa baM. Ngabakhethwa baM."

Kwaye uBhileham wadibana nezikhulu, amadoda omkhosi, abashumayeli, amadoda anempembelelo, wathi, "Kulungile, ndiya—ndiyakunixelela, ukumkani uyaku . . . "

Yabona, nje ukulandelelana nakuDavide, ilandelelana nanamhlanje. Thatha nje into yonke kumfuziselo, kwaye uyakuyibona. Uyayibona? Yithi, "Amen." [IBandla lithi, "Amen."—Mhl.] Yabona, yabona, kanye njengokuba injalo ngoku.

127 Kodwa abefundisi bathi, u—u—umbingeleli uthe, ababhali bathe, abakwalizwi bathe, "*Lena* yindlela ekufanele yenziwe ngayo." Kodwa, yayingeyiyo, kwaye yangqineleka ukuba yayingeyiyo.

128 Kwaye uThixo wamxelela uBhileham, kwaye wangengumprofeti, okokuqala, Wamxelela, "Sukuhla uye phaya."

129 Kodwa impembelelo yawo la amanye amadoda yambangela ayenze ngokuchaseneyo koko uThixo athe makakwenze, kwaye yaba sisiqalekiso endaweni yokuba yimvuselelo. Owu, ngokuqinisekileyo, wehla phaya waza wabafundisa abantu, wathi, "Ngoku yimani! Niyazi?" Wathi, "Si—singamaMowabhi. Niyakhumbula, intombi kaLothe ngukumkanikazi wethu. Uyimvelaphi yethu. Siligazi elinye sonke. Sonke si . . . Sonke thina mahlelo siyinto enye." Ungazihlanganisi nalanto. Hlalela kude phaya. Yabona? Ke wathi, "Siyinto enye sonke. Kutheni, abantu bakho banje ngabantu bam. Singatshatiselana, omnye nomnye, ke singaba nequmrhu likazwelonke lenene. Yabona? Sonke kuthi singahlangana size sibuyele kwinto yemvelo kwakhona."

UThixo wayiqalekisa lonto. Esa sono zange sixoleleke kuSirayeli. Sahlala nabo zonke iintsuku zabo. Zange sixoleleke. Batshabalala entlango kunye naso. Injalo lonto. Ngokuba zange bathathe indlela enikezelwe nguThixo yokuyenza ngomprofeti Wakhe ongqinelweyo.

130 Qwalasela, le nto bayenzayo yabangela uSirayeli afe ukufa, entlango. Kwaye uYesu wathi, "Kwaye bonke ngabanye batshabalele kwaye banyamalele." Qaphela ngubani owama noMoses emva phaya, uYoshuwa noKhalebhu, kwi—kwinkqubo.

131 Qwalasela kwakhona, nanku uDavide, into awayenzayo. Kwaye xa wayenzayo, yenza ntoni? Yabongela ukufa kubethe umntu onyanisekileyo.

Ngoku, ndiyaqikelela sisaqhagamshelekile, kwaye ndifuna nive ukuqumleza imihlaba.

Into uDavide awayenzayo, ngaphandle kokubuzisa kuNathaniyeli nokufumana iLizwi leNkosi ngayo, yabangela ukufa kubethe abantu abanyanisekileyo. Ewe, mhlekazi. Wasa isandla sakhe, obehlala ebukhoneni betyeya; yayiphuma e—endlwini yakhe. Kwaye iinkabi zagxadazela, yaye ityeya isiwa.

132 Babesebenze into engalunganga enye, izinto ezimbini ezingalunganga. Okokuqala, zange babuzise kuNathaniyeli. Into elandelayo abayenzayo, bahamba behla phaya bengabuzisanga ngeLizwi likaThixo. Ntoleyo, u . . . USamuweli wayeliLizwi ngala mhla . . . Kwaye zange abuzise iLizwi leNkosi. Emva koko, xa benzayo, bahamba ngokuchaseneyo neLizwi likaThixo.

Kwaye apha lendoda ilungileyo, eyabe ingumgcini, yayingubhishop, yacinga, "Kulungile, apha, andifuni uThixo aphoxeke," ke yabeka isandla sayo kwityeya. Apho, yayingengomLevi, kwaye yafa. Izinto ezintathu!

133 Ngoku cingisisa, kwaye uqaphele into amahlelo ayenzileyo namhlanje. Yabona, balalile Lona, baLibiza "imfundiso yobuxoki." Yabona? Khangela apho bakhoyo. Bayakufumana ela qumrhu lika zwelonke, injalo. Bayibiza Yona "ufundo lwengqondo," xa uThixo ngoKwakhe elingqinela ukuba LiyiNyaniso, kwaye eqinisekile ukuba LiyiNyaniso. "Owu, baligquba nje lezihiba phezulu phaya," bathi, "abayazi into abathetha ngayo."

Injalo lonto, asiyazi. Kodwa sithetha nje aMazwi Akhe, kwaye Yena uyazi Athetha ngako, yabona. Andinakulicacisa Lona, akukho namnye onakho, kodwa U—U—Uyalingqinela Lona.

134 Ngoku qwalasela. Amaninzi amakholwa namhlanje, aweza kuKristu, efuna ukuza ngentliziyo yawo yonke, abulawa ngokwasemoyeni ngendlela enye. Amadoda amaninzi anyanisekileyo aya kwibandla laseKatolika kwaye afune ukuba ngamaKristu, aya eWisile, eBhaptizi, ibandla likaKristu, nkqu nabakwaMoya, yabona, kwaye befuna ukuba ngamaKristu, abeka isandla sakhe kulo, azibandakanye kunye nabo.

135 Kwaye xa uDavide wabona oku kusenzeka, yamvusa. Sukuvuka emva kwexesha khona phaya, mzalwana. Wabona ukufa kubethile.

Ndibonise iziphumo. Kutheni lo singa-mvuselelo, ukubuyisela abantu emabandleni, eyenzileyo esizweni, em—emzimbeni wamakholwa? Asiyonto kuphela yenze umbutho omtsha kunye namahlelo, yonke indlela, amalungu amaninzi nanjalo njalo. Ingaba isizwe singcono? Bathi babeza ku . . .

136 "IMerika. Thixo sikelela iMerika. Sisi—sisizwe, lilizwe lobuKristu."

Zizigidi zeemayile ekubeni ibe lilizwe lobuKristu. Andithandazi nokuthandaza ngayo. Ndingathandaza njani ngayo, kwaye ingasayi kuguquka phantsi kwamandla amakhulu kaThixo ebonakalisiwe phambi kwayo; ize iphike, ize ivale iingcango kuYo, ize imke ihambele kude? Ndiyinikela kuThixo. Kwaye ibhekela phaya ukumka. Kwaye ngoku izakuzika. Qaphela nje okwenzekayo.

137 Abaninzi abantu abanyanisekileyo baya baye kuzibandakanya embuthweni, okanye iqela, okanye unqulo-mntu oluthile, kwaye khona phaya bayafa, ngokwasemoyeni. Akunabaxelela nto. Banalanto inyhalwe kubo, "Kutheni, ababhishop batsho oku. Kwaye *lona* utsho oku, *lona* utsho oku." Ubabonise kanye apha eLizwini likaThixo apho ingu ITSHO INKOSI. "Kodwa umalusi wethu . . . "

Andikhathali nokuba umalusi wakho uthini, sukukhathala nokuba ndithini, okanye nabani uthini. Ukuba ichasene neLizwi elingqinelweyo likaThixo, iyure, ixesha, uMyalezo, nanjalo njalo, libala. Hlalela kude kuyo. Kwaye kufanele ndime phambi kwenu nonke ngabanye ngoMhla woMgwebo, kwaye niyayazi lonto. Kwaye ndiyakukutsho kancinci okuya, ndisazi ndiyindoda endala ngoku. Ndiyaku . . . Akuthethi ukuba ndazinto, kodwa Yena uyazi. Ndilandela nje oku akutshoyo.

138 Jonga namhlanje kwiminyhadala emikhulu esithe sanayo ukuqumleza umhlaba. Ibonakalisile ukuba kube selizeni. Kwaye ingaba akatshongo na uYesu apha ngoku, Luka 7:7, "Bafumana beNdinqula ngelize"? Wafumana wayinyusa wayizisa ngelize ityeya uDavide. Wafumana wabaqeqesha ngelize abaprofeti u-Ahabhi. Wafumana wayithatha ngelize imali uBhileham. "Befundisa iMfundiso imithetho yabantu." Yimithetho kaThixo ethethayo, akukhathaliseki nokuba unyani- . . .

139 "Bona abantu banyanisekile." Ukuva oko kakhulu, "Banyaniseke kakhulu." Oko akuthethi nento le. Amangqina kaYehova, Amasabatha, nalo lonke olonqulo-mntu, ziphumela phaya esitratweni zize zenze izinto esingenakuzenza thina. Amakatolika ema ekoneni angqibe, nanjalo njalo, loo miyalelo yayo ngolohlobo, baxabisa izigidi eziphindwe ngezigidi eziphindwe ngezigidi zeedola, kodwa basangqiba ngazo. Banyanisekile, akukho mathandabuzo. Amabandla ayaya aze—aze ashumayele, nanjalo njalo, nabalungiseleli bayema epulptitini baze benze yonke into abanokuyenza ukufumana amalungu amatsha angene ebandleni; kodwa yityeya entsha.

Kukho enye kuphela iTyeya yokulandelwa, elo, liLizwi likaThixo. Nayiphi echasene nalaTyeya, hlalela kude kuyo! Ikwi nqwelo entsha, kwaye hayi emagxeni kaThixo. Injalo. Hlalela kude kwinto. Sukuba nanto yakwenza nayo.

140 Iminyhadala yethu emikhulu, izigidi nezigidi zenze iintlambululo. Kwaye ndiyathandabuza nokuba kuyakubakho ikhulu labo, kulonto yonke. Yabona, ayikhange ibe nto.

Ngoko jonga kwiLizwi elithenjisiweyo.

141 Ungacinga ukuba oko kusilele, kwaye siyazi isilele. Abanye abakhulu bethu aba—abavuseleli elizweni namhlanje bathi isilele ngenene. Ibandla liyazi isilele. Wonke umntu uyazi isilele. Kulungile, kutheni injalo? Kutheni isilele?

Kube ngesizathu ezilungileyo. Ibiyeyokuzisa abantu eBukhoneni bukaThixo, iminyhadala emikhulu. Kwaye izigidi zabantu bachithe iimali zabo, benza iminyhadala emikhulu. Aza amabandla ahlangana, amaholo emihlangano amakhulu, nezinto ezinkulu, kwaye izinto ezinkulu zenzekile. Kutheni isilele? Kungokuba abazange bazi iyure ababephila kuyo.

Akumangalisi uYesu wema, kwaye Yena entliziyweni Yakhe walila. Iinyembezi zehla ngezidlele Zakhe, waza wathi Yena, "Yerusalem, Owu Yerusalem, kukangakanani Ndiniqokelela njengesikhukukazi siqokelela amantshontsho aso. Nibaxulutye ngamatye bonke abaprofeti Endibathumele kuni. Kodwa anivumi. Kodwa ngoku iyure yenu ifikile."

142 Aniwuva uMoya oyiNgcwele ukhala uphuma kuni? "Owu, United States nehlabathi, kufuthi kangakanani Ndithandé ukunibuthela ndawonye, kodwa anifuni. Ngoku iyure yenu ifikile. Uthixo wenu wesiyolo, uthixo wenu wobunyhukunyuku, uthixo wenu weSodom neGomora, ufikile phakathi kwenu." Nkqu nabantwana bethu abancinci, uhlobo lokuchetywa lwabebeatle kunye nemikrwelo equmleze ubuso babo, kwaye nokugqwetheka okuncinci kuqalisa. Abafazi bethu baphelile. Kungaphaya kokuhlanguleka. Amadoda ethu ngosisi abakhulu, bajikeleza ngezincinci, ezimfutshane ibhulukhwe bezinxibile, kwaye beziphethe ngathi yintombi, neenwele zijinga zisihla ngentamo. Kwaye singamaSodomi, kwaye umililo kunye nomsindo kaThixo usilindile.

143 Niyazi Uyakubulala njani, Uyakuyitshabalalisa njani? Ngendlela Asoloko esenza ngayo. Xa ihenyukazi lisenza nantoni engalunganga, lalixulutywa ngamatye libulawe; babechola amatye ukuze bambulale umfazi owayelihenyukazi. Yilondlela Ayakulibulala ngayo ibandla. IBhayibhile ithi Uyakunisa amatye esichoto siphuma emazulwini, lawo ayakuba bubunzima bomlinganiselo wekhulu leeponti ithontsi, kwaye Uyakubaxuluba ngamatye. Ngubani oza kumthintela Yena? Yintoni ezenzululwazi ezizakuthi ayinakwenziwa? Uyakuyenza.

Ngendlela enye njengoko Wawenzayo umkhombe waza wadadisela uNowa ekukhuselekeni, Uyakuyenza kwakhona eyenzela iBandla Lakhe.

Kwaye ngemithetho EyiyeYakhe ngendlela EyiyeYakhe, Uyakulixuluba ngamatye ela henyukazi elenze ukrexezo kunye nookumkani nabathetheli-khulu namawaka. Uyakulixuluba ngamatye alibulale, ngemithetho EyiyeYakhe Athe wayicwangcisa. Ngubani ozakumxelela Yena ukuba Akanakwenza ilitye lesichotho?

144 Buza umntu olaziyo ukuba iqabaza lemvula liqala njani. Kwaye iqala yenze isangqa, ibuyele ngamandlakazi; ichole okuninzi nokuninzi nokuninzi, de ifumane ubunzima obuthile, emva koko iwele phantsi.

Yena, uThixo, O...udontso lomhlaba lwalungenakho nokumbamba Yena emhlabeni, kwaye Wanyukela eZulwini. UThixo, Owenza udontso lomhlaba, angenza namandlakazi okujikeleza kamoya ngokwaneleyo yokujikelezisa ilityе de libekumlinganiselo wekhulu leponti. Wathi Uyakuyenza, kwaye Uyakuyenza. Ngubani oyakumxelela Yena ukuba angayenzi? Uyakuyenza, ngokuba uthe Uyakuyenza.

145 Sikwimihla yokugqibela. Simi kufuphi nomgwebo. Kutheni? Bazama ukutya imana endala eyawa emva ngaphaya kumashumi amahlanu eminyaka eyagqithayo, ibandla lakwaMoya. Ibandla lobuNgcwele liyayizama, ngaphezu kwamakhulu amabini eminyaka eyagqithayo. AmaLutere, malunga namakhulu amathathu, okanye ngaphezulu, eminyaka eyagqithayo, amakhulu amaninizi eminyaka eyagqithayo. Bazama ukutya imana endala. Owu, mzalwana, lanto idamile. Ityhefekile. Iyaku...Ine—ine... Kutheni, ndasoloko ndisithi, oonojubalala kuyo, iimpethu. Iyakukubulala, ukuba uyayitya.

146 Fumanisa ukuba uDavide okanye nabani kubo wayenokubuzisa kwiSonka seyure.

Ukuba ababingeleli, kunye nabaprofeti, nabashumayeli, nabakwalizwi, nezikolo, namahlelo, ebenokubuzisa kwiyure! Kodwa ngoku ayinakubenzela nto ilungileyo. Seyimkile. Ayisokuze incede nantwana. Limkile ibandla. Linqumle lamgca malunga neminyaka emihlanu egqithileyo, phakathi kokuguquka, nomgwebo nenceba.

147 Qwalasela, bayintoni? Yintoni enokwenziwa? Yintoni ekufanele yenziwe? Masibuzise kumprofeti, iBhayibhile, apho singenakongeza okanye sinciphise kuYo. Ukuba siyayenza, uThixo uyasikhupha kwiNcwadi yoBomi.

IBhayibhile ithe, kuMalaki 4, okuyakwenzeka namhlanje. Isityhilelo 10, indlela amaTywina aSixhenxe ayakunqikwa ngayo kwaye atyhile zonke ezi mfihlelo ebezifihliwe kubo bonke aba bahlaziyi! Utshilo indlela eyakwenziwa ngayo. IseBhayibhileni, ITSHO INKOSI. UThixo ngokupheleleyo, ngokugqibeleleyo uyikhombile lonto; waza Wayingqinela ukuba yiNyaniso, ngemiqondiso, nemimangaliso emazulwini, ezibhakabhakeni, nakuyo yonke into engenye, kumashumi amathantu anesithathu eminyaka.

Ucinga bayakumamela kuYo? Hayi. Bafile. Babeke isandla sabo kwinto ebulele yonke into. Hayi, ayisokuze; ayisokuze, sokuze nanini.

148 Kwakungexa xa lento yenzekayo, apho uDavide wabonayo. Owu Thixo, sithumelele uDavide onokubona apho ame khona, onokujonga aze abone uThixo wenze isithembiso intoni, indlela Aza kwenza ngayo namhlanje. UThixo uyitshilo kanye apha eLizwini Lakhe, indlela Aya kuyenza ngayo.

149 UThixo wamxelela uMikaya. UMikaya waphonononga umbono wakhe phambi kwamakhulu amane abaprofeti abahlonitshiweyo. Waphonononga umbono wakhe ukuze abone ukuba wawulungile na. Wajonga emva koko amprofeti wakuthethayo ngaphambi kwakhe, ukuze abone okwenzekayo. Wajonga emva, waza wabona u-Eliya eme phaya, esithi, "Ahabhi, izinja ziyakuxhapha igazi lakho, nawe." Ngoku, wabona ngoko ukuba la mbono wawuchaneke kanye ngokweLizwi likaThixo, ke wawuxela. Kwaye wayechanile. Injalo. Nokuba babesithini abanye, wahlala kanye nela Lizwi.

150 Ngoku masijonge kumbono esinawo namhlanje. Kukwakha izakhiwo zeecawa; zizinto ezintsha; zizinto ezinkulu ezizakwenzeka? Okanye, ngumgwebo? Jonga ngasemva uze ubone isithembiso sanamhlanje, ubone ilixa esiphila kulo.

151 Uthi, "Kulungile, uThixo makasikelelwe, mzalwana, ndinyanisekile. Ndizibandakanye ecaweni. Ndinesidanga sam sobugqi. Ndenze *oku*." Injalo lonto, oko kulungile, akukho nto ichasene nayo; kwakunjalo nakuDavide, kwakunjalo nakubabingeleli baloo mhla, babenjalo abakwalizwi. Kodwa kwakuchasene neLizwi.

152 UThixo utshilo Uyakuyenza njani namhlanje, Uyakuyibuyisela njani yonke into, yintoni Ayakuyenza kwakhona. Uthembise ukubuyisela. Injalo kanye lonto. KuYoweli 2:28, Wathembisa Uyakubuyisela. "Ndiyakubuyisela," itsho iNkosi, "yonke iminyaka edliwe yinkumbi." Banesi-. . . Yabona, ngumbungu omnye; ukwisigaba esohlukileyo sobomi. Kwaye xa iKatolika yaqalisa ukutya, emva koko amaLutere, kwaza amaWisile, kwaza abakwaMoya, nabo bonke, ukuhla; Wathi, "Ndiyakubuyisela yonke into eBandleni ngqo njengaleya yayinjalo kwindawo yokuqala."

153 Qaphela umbono ngobunye ubusuku. Ngokuchanekileyo uMtshakazi omnye weza *kweli* cala, weza *kweli* cala. Emva kokuba amahenyukazi egqithile kunye befake iingubo zabo, izinto zabo ezindala *kweli* cala, lijuxuza nge rock-and-roll, kwaye bezibiza ngeBandla.

Uthi, "Kulungile, thina asiyenzi lonto."

Yilondlela uThixo akubona ngayo. Asikuko oko ukubona ngelakho iliso. Yindlela uThixo akubona ngayo. Akukho mntu uzibonayo ngokwakhe engalunganga. Xa ujonga esipilini seLizwi likaThixo, Liyakuxelela ukuba ulungile okanye hayi. Ukuba uDavide wayenokuyenza lonto, wayenokubona ukungalungi kwakhe. Ukuba u-Ahabhi wayenokuyenza lonto, okanye bona abaprofeti babenokuyenza lonto, ngebabezibonile bengalunganga.

154 Umprofeti ongqinelweyo wathi, "U-Ahabhi uzakufa, kwaye izinja ziyakuxhapha igazi lakhe." Kwaye isiprofeto sakhe sasichanekile kunye naLo. Ngoko wazi ukuba

uchanile. Nkqu uYehoshafati kwakufanele uyibonile lonto waza wayazi. Xa uMikaya wabona umbono, wayengekho kakhulu kunye nabantu ngaloo mihla, kodwa wayeno ITSHO INKOSI. Wayelungile.

155 Qwalasela, sizisa lento ngoku kulo mhla, xa sibona iyure enkulu esiya kuyo.

Qwalasela oko uDavide awayezama ukwenza, naye. Bendinombalo omncinci apha koko. Wayezama ukuzisa ityeya emzini kaDavide, ehlelweni lakhe.

156 Jonga ngaphaya emva xa iNkosi yaqalalayo ukuthetha ezantsi apha emlanjeni, "Njengoko uYohane umBhaptizi wathunyelwa ukwandulela ukuza kokuqala . . . "

Mzalwana, i-Assembies yayingenakho ukumelana nalonto, nayo i-United, bonke babo. Kwafuneka babe nenye ndaweni ithile. Aha, bafanela bonke bayenze, yabona, nje ngokuchanekileyo. Bonke kwafanela bayizise ezindlwini zabo.

157 Efuna ukuyizisa emzini kaDavide. Ngokuba? Kwakungekho ndawo ilungiselelwe yona.

Kwaye seso sizathu ungenakuwuzisa uMyalezo ehlelweni. ILizwi, iTyeya, uKristu, "onguye izolo, namhlanje, naphakade," kunye nako konke ukuzazisa Kwakhe, akunakuwuzisa Wona embuthweni wakho. Abasokuze bawukholelwe Wona, ngokuba akukho ndawo yaWo. Ayitshongo na iBhayibhile ukuba Wayengaphandle kwebandla leSigaba seLawodike, ezama ukungena ngaphakathi?

Kwakungekho ndawo emzini kaDavide, nokuba yayinyaniseke kangakanani, okanye yayinkulu kangakanani, na—nanjalo njalo. Yayingeyiyo indawo. Yayizakuba seYerusalem. Kulapho yaya khona kamva, xa umprofeti wabaxelelayo amabakwenze ngayo. Yabona? Ke uDavide kwafanela ayizise emzini wakhe. Kungekho ndawo ilungele yona.

158 UKristu yiTyeya yethu, kwaye abasokuze bayamkele Yona. UKristu liLizwi; abasokuze balamkele Lona. Bafuna imvumo nkolo yabo, ihlelo labo, ityeya entsha, okanye—okanye inqwelo entsha. Bafuna ihlelo liyithwale Yona; ityeya entsha. Huh!

Khumbula, uKristu iTyeya yethu! Uyakholelwa ukuba uKristu liLizwi? [IBandla lithi, "Amen."—Mhl.] Leyo yiTyeya, ngoko. Ingaba injalo? Kulungile. UKristu akanakuthwalelwa, kwindawo Yakhe eyiyo, ngenqwelo yobuhlelo. Usebenza ngomntu omnye, kwaye hayi ngeqela. Akazange asebenze ngeqela; umntu omnye. Xa, Wathi Akasokuze. Ukuba Wayenza, Uchasene neLizwi Lakhe, Amos 3:7. Akunakulenza Lona lixoke. Hayi, mhlekazi. LiyiNyaniso.

159 Kodwa, yabona, bayazama. ITyeya ayinakuthwalwa ngumbutho. Kukho iintloko ezininzi kuwo. Yabona?

Ayinakwenzeka. Wathembisa ukuba Wayengasayi kuyenza, kwaye Akasayi kuyenza. Wathi . . . xa Wathembisayo—xa Wathembisa ukuyenza ngenye indlela? Seso sizathu Wathembisayo Akasayi kuyenza.

Sukucinga ezo ngcinga. Ndingaziva ngemvakalelo. Yabona?

160 Ke Wa—Wathembisa Uyakuyenza ngendlela ethile, kwaye yonke into echaseneyo kokuya Akasayi kuyenza. Yabona? Kodwa ngendlela Yakhe yasekuqaleni, ngokwendlela Akutsho ngayo ku Amos 3:7, leyo yindlela Ayakuyenza ngayo. Kwaye kufanele ingqinelwe kwaye iqinisekiswe ukuba ilungile.

Ngoku, uyazi Akuthembisileyo namhlanje, ngoko Uyakwenza namhlanje. Oko koko nje Athe Uyakukwenza. Uyakuvula loo Matywina aSixhenxe, nako konke Ayakwenza; atyhile iimfihlakalo emva phaya, indlela ezimbhaptizo nezinto zonke ezonakaliswe ngayo. Kwaye nantsi, eBukhoneni kanye Bakhe. Inzululwazi iyiqondakalisile. Amazulu ayidandalazisile. Umntu emile, ejonge kanye ngqo kuyo, kwaye eyibona isenzeka. Akukho nanye into Awakhe wayithetha kuphela koko Akwenze kwanyanisa. Nako ke apho ukhoyo. Nje okokuba ube nokubona ukuba apho sikhoyo namhlanje.

161 Indlela nabani onoMoya Wakhe, anokuyazi ngayo; onoMoya kaThixo phezu kwakhe, uyazi ukuba Oko yiNyaniso, ngokuba uMoya kaThixo awusayi kuthetha ngokuchasene neLizwi. Hayi, hayi. Iyakuba yelungileyo kunye neLizwi.

Uthi, "Ndinaye uMoya oyiNgcwele. Ndikhwazile; ndithethe ngeelwimi. Ndidanise kuMoya." Oko akuthethi nenye into kuThixo. Yabona?

UDavide wenza into ekwanye, ngokuphathekayo into ekwanye, emva phaya. Bacula ngawo onke amandla akhe, kwaye wakhwaza ngawo onke amandla akhe. Bonke kubo bakwenza, kwaye babesiya ngqo ekufeni. Injalo lonto. Oko akunanto yakwenza nayo.

162 LiLizwi elithethayo, iLizwi leNkosi. "Abo balindela eNkosini." Ewe, mhlekazi. Yabona, abo banoMoya kaThixo kubo, bajonga kwisithembiso sanamhlanje, baze baqaphele kwaye balinde bade baLibone. Emva koko bathi, "Lilo Eli." UThixo uyaLityhila kubo.

163 NjengoNathaniyeli. UFiliphu wehla waza wafumana uNathaniyeli. Wathi uNathaniyeli, "Ngoku linda umzuzu. Ndiyazi ukuba oko kuthenjisiwe, kodwa mandiyibone Yona." Kwaye xa wayibonayo Yona, wathi, "Yiyo Le."

Umfazi wathi, "Ngoku, ndiyazi, ndizive zonke iintlobo zabakwalizwi. Ndenze *oku* no*kuya*. Kwaye ndiyifundile iBhayibhile, ngokwam, kwaye ndiyazi ukuba si . . . Kukho uMesiya ozayo, oyakwenza ezi zinto, ke kufanele Ube ngumprofeti Wakhe Wena."

Wathi, “NdinguYe.”

164 Wathi umfazi, “Yiza, ubone iNdoda, lena Yiyo.” Walinda wade wabona uMesiya ebonakalisiwe ngeLizwi likaThixo, emva koko wathi, “Oku koko besikulindile, amakhulu amane eminyaka. Asikhange sibe namprofeti okanye nantonina. Nanku Apha, kwaye Yena ngoKwakhe uthi UnguYe.” [Indawo engenanto eteyiphini—Mhl.] “. . .ngaphandle kwaye nibone iNdoda Endixelele izinto endizenzileyo.”

Kodwa ababingeleli bafuna ukumbulala Yena, kwaye ekugqibeleni bayenza lonto. Yabona?

Kodwa abanakuwubulala uMoya Wakhe namhlanje. Injalo lonto. Hayi, abanakuwubulala Wona. Ube Ulapha ukuza kusingenisa ngaphakathi, ngoko sinombulelelo. Qwalasela mkhulu kangakanani uThixo, mikhulu kangakanani imisebenzi Yakhe, indlela engenakusilela ngayo!

165 Ngoku, uThixo unikezele ngendlela yemvelo yokwenza izinto, kwaye Akasayi kwenza ngokuchaseneyo koko.

166 Ngoku Wathembisa ngemihla yokugqibela oko Ayakwenza. Kwaye Ibathumelele, thina uMyalezo; kwaye lo Myalezo uyakuba nokuzazisa okunye njengoko u-Eliya wayenako, njengoko u-Elisha wayenako, njengoko uYohane umBhaptizi wayenako. Kwaye Uyakujika iintliziyo zabantu, hayi ukuzisa kwihlelo, kodwa uzibuyisele emva ekuqalekeni, koobawo abapostile, emva eLizwini. Indlela ezi zinto zibe zingqinelwe ngayo. Indlela oko ekuvakalisweni kwengelosi yokugqibela, iSityhilelo 10, “Ngemihla yengelosi yesixhenxe, ezi mfihlakalo ebezizonke zi. . . ”

“Kutheni amaWisile ekwenzile *oku,* kwaye namaBhaptizi, kunye nebandla likaKristu, kunye naMangqina kaYehova, bonke bekwenzile *oku*?”

“Iimfihlakalo ziyakutyhilwa kumhla wokugqibela, xa owengelosi yesixhenxe. . . owengelosi yesixhenxe uMyalezo, xa i. . . ” Hayi xa iqalisayo ukwenza lento, kodwa, “Xa iqalisayo ukuvakalisa uMyalezo wayo.” Yabona? Hayi iminyaka elungiselelayo, kodwa, “Xa iqalisa ukuvakalisa uMyalezo, ezi mfihlakalo ngoko ziyakutyhilwa.” Kwaye apha zinjalo; ndingazazi zona, kwaye nina bantu ningamangqina oko.

167 Kwaye ngoko kokuya kubonakaliswa esibhakabhakeni, ukuze ihlabathi lingabinakho, nangoku basamangalisiwe kwenzeke ntoni. ETucson, abajongi sibhakabhaka abakhulu bathabatha umfanekiso wayo phezulu phaya; besamangalisiwe kokwenzekileyo. Yintoni? Bayibeka noko ephepheni, “Ingaba kukho nabani owazi nantoni malunga nento, ingaba yenzeke njani?” Akukho nkungu phezulu phaya, akukho moya, akukho kufuma; amashumi amathathu eemayile phezulu emoyeni. Owu, bethu!

“Kuyakubakho imiqondiso esibhakabhakeni phezulu. Kwaye xa ezi zinto zisenzeka, iinyikima kwindawo ezininzi, ngoko kuyakuvela umqondiso ezulwini, woNyana womntu.” “Ngaloo mhla,” kuLuka, “uNyana womntu uyakuzityhila Yena kwakhona; etyhilwa, Ngokwakhe.” Kwaye ihlabathi liyakukhangeleka njengeSodom neGomora. Uh, bethu!

Bazalwana, sanukungahoyi ngezinto zikamoya, yabona. “Phengululani iZibhalo, ngokuba kuZo nicinga ngoNaphakade, ninoBomi obunguNaphakade; kwaye Zona Zizo ezingqina ngeLizwi.” Zizo Zona ezingqina ngeNyaniso, izinto uThixo azenzayo kuleyure.

168 Kwaye ngoku yintoni? Abo banoMoya kaThixo, balindela ezi zinto. Kwaye xa bebona ezo zinto, bayazikholelwa ezo zinto. Wathi uYesu, “Akukho bani unokuza kuM ade uBawo waM amtsale. Kwaye bonke athe uBawo wandinika bona Mna,” UliLizwi, “bayakuza kuM. Bayakuza kuM.”

169 Ndibe ndiburhabaxa ngalentsasa, yabona. Balindela eNkosini, ukulinda; kwaye xa beyenza, kwaye babone esa sithembiso sanamhlanje, singqinelwa, oko kuhlaziya ukholo lwabo eLizwini Lakhe. Ngoba, Wathembisa ukuyenza yona, kwaye apha Uyayenza. Ngoko akukho mathandabuzo. UThixo uyathetha. ILizwi Lakhe, kuqala, liyathetha. Emva koko uMoya olizisayo Lona wenza into elithe iLizwi Liyakuyenza.

Owu, sinabaninzi abalinganisi. Sisaya kuba nabo abaninzi, amadoda anyanisekileyo entliziyweni ezama ukwenza izinto *ngale* ndlela na*ngala* ndlela, kodwa qaphela kwenzeka ntoni. Abantu bayakubeka izandla zabo, baze emva koko—emva koko bafe. Yabona, qwalasela.

170 Akukho nkqubo yamntu yabuhlelo iyakuze isebenze, isenzala angawabo enziweyo amahlelo etyeya. UThixo zange abe nahlelo. Akasokuze abe nahlelo. Kwaye yinto eyenziwe ngumntu.

171 Kwaye ndiyamangala, namhlanje, ukuba konke ukutsalela ngaphakathi kwethu neminyhadala emikhulu neemvuselelo, besingazalisi ityeya yobuWisile, ityeya yobuBhaptizi, ityeya yobuRhabe! Kodwa malunga naphi neTyeya kaKristu, iLizwi?

Kwaye ukuba uMtshakazi kufanele abe liLizwi, ngoko kufanele Abe ngokaKristu, inxalenye yoMyeni. Kufane abe liLizwi; iLizwi hayi elomhla Wakhe; iLizwi lalo mhla, athe Walithembisa liyakuba ngulo mhla, athe Wathumela iLizwi Lakhe ukuza kubumba uMtshakazi Wakhe aze amenze Yena. Ndiyathemba siyayibona! Sanukufumana luvo lulolwenu ngoku, kwaye sanukuthatha luvo lwamntu. Thatha iLizwi elingqinelweyo apha, iBhayibhile. Itsho.

UThixo uthembisile eLizwini Lakhe indlela Ayakukhetha ngayo uMtshakazi Wakhe kulo mhla wokugqibela. Ingaba niyayazi lonto? Wayithembisa, indlela Ayakuyenza ngayo,

kwaye leyo ngecebo Lakhe lasekuqalekeni lokukhetha uKristu, lokukhetha amaxesha, yokukhetha ilixa, indlela a . . . Akanakuyiphosa, kuMtshakazi Wakhe, ngokuba uyinxalenye yelaLizwi.

Akanakumkhetha Yena ngehlelo, ngelixa Angazange akhethe uKristu ngehlelo. Ingaba uKristu weza kwihlelo? Weza ngehlelo? Hayi. Bamala Yena. Kulungile, yilonto ihlelo elayenzayo ngoko. Ngoko xa Ekhetha uMtshakazi, ingaba Angeza nangayiphi indlela?

Wamzisa njani uKristu apha? NgeLizwi labaprofeti. Ingaba injalo? Uyakumzisa njani uMtshakazi Wakhe apha? NgeLizwi labaprofeti.

Wamazisa njani Yena xa Wezayo? Ngendoda enomoya ka Eliya phezu kwayo, iphuma entlango. Uyakukumazisa njani uMtshakazi Wakhe? Wathembisa kuMalaki 4 into ekwanye, phambi kokuba Alitshabalalisa ihlabathi, njengoko kwakunjalo ngemihla yeSodom.

172 Khumbulani, iSodom yatsha. Ingaba kunjalo? Kulungile, elihlabathi kufanele litshe. Watsho njalo uYesu. Kwaye iyakuba lixesha, lokuba, njengoLuka isahluko se-17 kunye nomqolo wama-30 uthe, "Ngemihla eyakufana neSodom ne Gomora, ngoko uNyana womntu uyakutyhilwa."

Kwaye kuyakwenzeka ntoni emva koko? Ngokuka Malaki, Uyakuwutshisa umhlaba kwakhona, kwaye amalungisa (kwi Millennium) ayakuhamba phezu kothuthu lwabangendawo. Ingaba injalo? Yabona?

Ke sisekupheleni kwexesha kanye. Sihleli apha emnyango ngoku, silinde Yena ukuba eze.

173 Qwalasela, uThixo uthembisile eLizwini Lakhe ukuba Uyakukhetha uMtshakazi Wakhe ngendlela Yakhe yasekuqalekeni. Wakhetha oWakhe. Umyeni! Wamxela kwangaphambili ngabaprofeti, waza wathuma umprofeti ukuyazisa.

Wathi umprofeti, eme elunxwemeni leJordane, "Nantso!"

Bathi, "Wena unguMesiya, akunguye?"

Wathi, "Hayi, andingoMesiya."

"Kufanele ukuba unguMesiya."

174 "Kodwa andinguYe. Kodwa Yena ume phakathi kwenu. Kwaye izihlangu Zakhe, andifanelanga kuzithukulula. Xa Esiza, Ezazisa . . ."

Kwaye namhlanje Umi phakathi kwethu, ngomntu kaMoya oyiNgcwele, Ezibonakalisa ngakumbi nangakumbi, esiza eBandleni Lakhe, ezazisa Yena; ngokuba, Yena, kunye noMtshakazi noMyeni bayakuba banye, ezazisa Yena. Kwaye

ngenye imini niyakubona ukuba Lowo nimvayo ezintliziyweni zenu, kwaye nibona nokwaziswa Kwakhe, uyakumntwiswa phambi kwenu, nize nina naYe nibe baNye.

Nihlanganiswe ngeLizwi. Kwaye iLizwi, lalisekuqalekeni, liyakubuyela ekuqalekeni, oko nguThixo. "Kwaye ngaloo mhla niyakwazi ukuba Ndikuye uBawo, uBawo ukuM; Mna ndikuni, nani nikuM." Haleluya! Silapha. Haleluya! Ndivuya kakhulu ukumbona Yena ezimntwisa ngoKwakhe kanye phakathi kwethu, kwaye siyabona oko Wakuthembisayo ngeLizwi; hayi oko kuyimvakalelo yomntu, ukucula, nokuxhuma, nokudanisa. Kodwa ngeLizwi Lakhe, amen, Yena Uyazazisa.

175 Khangela, xa bayizisayo, bakha itempile bayizisa ityeya kuyo, uThixo wangena phaya ngeNtsika yoMlilo. Amen. YayinguDavide exhuma ekhwaza, yayizizo zonke iimvumi kunye nababingeleli beqhubeka, xa babengaphandle kwentando kaThixo. Kodwa xa uThixo wayibona ityeya isendaweni Yayo nesihlalo, ngaphambi kokuba babeke ityeya phaya, naku kusiza iNtsika yoMlilo ikhokela indlela; kanye ukuhla ngaphaya kwamaphiko eekherubhi, kanye nangasenva kweNgcwele yeengcwele, indawo Yakhe yokuphumla; iNtsika yoMlilo! Kwaye uzuko lukaThixo laluphaya ngaphakathi, de abe aba-. . . abazange bakwazi nokulungiselela. Amen.

Iyakuvala amehlo akhe wonke owakwalizwi, xa esiza kuMtshakazi Wakhe. Yena uyakuthathwa e—ezinzulwini zobusuku, njengoko kwakunjalo, kubo. Abasokuze babe nakho nokumbona Yena esimka. Owu, makabongwe uThixo!

176 Qwalasela, uThixo uthembisa ukuba Uyakhupha uMtshakazi Wakhe, into Ayakuyenza. Kuyakubakho iMbewu. Kuyakubakho ukuKhanya ngexa langokuhlwa, indlela Ayakuzenza ngayo zonke ezi zinto, kanye nje ngokuchanekileyo, nangendlela Awayiceba ngayo ekuqalekeni kwiTestamente eNdala nakwiTestamente eNtsha.

Kwaye ayizi ngokwehlelo. Ayizi ngokwenkqubo yethu esixakeke yiyo namhlanje. Sibangela nje ukufa. Sibenze abantu babeke izandla zabo kuYo, baze bafe kuyo. Yabona?

177 Ilizwi, uMyalezo wangokuhlwa, kufanele uphathe iziphumo zangokuhlwa. UMyalezo wangokuhlwa kufanele utyale iMbewu yangokuhlwa, hayi imbewu yakusasa. IMbewu yangoKuhlwa! Ingaba injalo? Umboniso wasemini emanqanda, iimbewu zayo emva phaya, yayingamahlelo; yafa, yatshabalala. Kodwa uMyalezo wexa langokuhlwa uyakubonisa ukuKhanya kwexa langokuhlwa, uyakubonisa iziphumo zexa langokuhlwa; uMyalezo wexa langokuhlwa!

Ixesha likaYesu, umyalezo wasemini emaqanda, wabonisa iziphumo zasemini emaqanda. Umyalezo wasekuqalekeni wabonisa iziphumo zasekuqalekeni, wenza indalo. Yena Wenza

uNyana Wakhe ngomfanekiselo ongoWakhe, emini emaqanda. Ngexa langokuhlwa Wenza uMtshakazi waLo. Yabona? Ngantoni? Ilizwi Lakhe.

Wawubumba njani Yena umhlaba? Wathetha njani Yena ukuba ubekho? NgeLizwi Lakhe!

Yayingubani uNyana Wakhe? Ilizwi! "Ekuqalekeni ebekhona uLizwi, kwaye uLizwi wayekunye noThixo. Kwaye uLizwi wenziwa inyama wahlala phakathi."

Uyakumthatha njani uMtshakazi Wakhe? NgeLizwi; hayi ngenqwelo entsha, hayi ngoluvo oluthile lowakwalizwi. Kodwa ngokweLizwi Lakhe Uyakumazisa Yena. Sukubeka nanye into kuLo okanye unciphise nanye into kuLo ngoku. Liyeke Lona ngendlela eliliLo. Yabona?

178 Ixesha langokuhlwa, Wathembisa Uyakutyhila, nakubeni, etyhile lamaTywina aSixhenxe waza wabonisa oko wona amabandla akuphosileyo emva phaya. Isityhilelo 10, naku Malaki 4, Luka 17:30, Wathi Uyakuyenza. Ngoku masingayixubanisi. Masiyigcine kanye ngolwahlobo.

179 Mandi, ekuvaleni . . . Kumalunga, kufutshane kakhulu kwimizuzu elishumi elinesihlanu kude kube lishumi elinambini. Mandivale, ngokutsho oku.

Zihlobo, phulaphulani, eGameni leNkosi uYesu! Ezi zinto zicace ngca ukuba ningalikholelwa Lona. Licace gca kuni ukuba ningaliboni Lona. Ngokuqinisekileyo ningakubona Oko! Ngokuqinisekileyo ihlabathi lingaLibona! Kodwa nje eyenu . . .

Sukuphenjelelwa bobu buvuvu butsha nezinto abanazo namhlanje; andikhathali nokuba balunge kangakanani abantu, banyanisekile kangakanani. "Ukuba abathethi ngokomthetho nabaprofeti," iBhayibhile ithe, "akukho Bomi kubo." Yabona?

180 UDavide wacinga ukuba ulungile. Wayenyanisekile. Bona ababingeleli bacinga ukuba balungile. Babenyanisekile. Kodwa basilela nje ukubuzisa iNkosi malunga nako. Kwaye babenokuyenza njani? Mhlawumbi bathi, "Sithandazile." Kodwa leyo yayingeyondlela kaThixo yokuyenza. Wathembisa ukuba Akayi kwenza nto ade kuqala Ayityhile kubakhonzi Bakhe abaprofeti. Kwaye nako kume uNathaniyeli kanye phakathi kwabo, kwaye zange babuzise kuye konke konke.

181 Ngoku funda ezilandelayo ezimbalwa izahluko zeziKronike phaya, kwaye uyakuyifumanisa. Xa uDavide wahlala endlwini, waza wathi, "Ingaba kulungile," kwaye uNathaniyeli wayehleli kunye naye, "ukuba ndinganayo, ndihlale kwimisedare, ize—ize ityeya kaThixo ibe phantsi kwentente phandle phaya?" Kwaye uNathaniyeli wafumanisa, kwiNkosi, amakamxelele kona ukuba akwenze.

182 Kwaye waye esele enzile ngokungalunganga, ke ngoko uThixo wathi, "Mxelele umkhonzi waM uDavide

Ndiyamthanda. Ndimenzele igama elinjengamadoda abalulekileyo emhlabeni, kodwa andinakumvumela ukuba ayenze," yabona, "undiphoxile Mna. Yabona, andinakumvumela ayenze. Ndiyakuzisa indoda, unyana wakhe, uyakuvuselela indlu kaThixo engunaphakade." Kwaye lowo yayinguDavide, kakade. Ntoleyo uSolomon wayizekelelisa, kodwa emva koko wasilela. Wonke umntu kufanele asilele. Sonke isidalwa esingumntu kufanele sisilele.

UThixo kuphela Kwakhe ongenakusilela. Akanakusilela. Kuphela kwento uThixo angenakuyenza, kukusilela. Kwaye uThixo liLizwi. Kwaye iLizwi, nokuba likhangeleka ngathi lizakuza ngale ingenye indlela, iyakuza nje ngokuchanekileyo ngendlela iLizwi liyitshiloyo.

183 Ngoku khumbulani, kufanele nilandele ilixa, ixesha. Yabona? Kwaye leliphi ithuba enikulo, leliphi ixesha, kwaye nenze oko kungqineleke, ukuze nibone oko ukuba kuyiNyaniso ngokuchanekileyo.

184 Ngoku thatha zonke ezimfuneko, lonke iLizwi, yonke imifuziselo, nezinto, uze ujonge apho ukhoyo. Cinga ngeyure esiphila kuyo.

Khangela ngaphaya, oko kuphantse kwaliqhezu leshumi lomhlaba ulungele ukuwa. Inzululwazi iyakutsho oko. Bajonge ewotshini. Kwiminyaka embalwa egqithileyo, bathi, "Iyimizuzu nje emithathu ngoku de kube yinzulu yobusuku." Ingaba ngumzuzu, ingaba sisiqingatha somzuzu ngoku.

Bathi, "Ayisayi kwenzeka kwisizukulwana sethu."

185 "Ingenzeka ngemizuzu emihlanu." Kwaye qwalasela into elandelayo awayitshoyo, "Iminyaka emihlanu." Andikhange ndikutsho oko ngoku. Nguye otsho oko, inzululwazi. Bayatyekezeka bemka eCalifornia njengeempukane. Yabona? Kulungile, umhla uLote awaphuma ngayo eSodom, kwa ngamhla mnye kwana umlilo phezu komhlaba.

Ngomnye wale mihla uThixo uzakuthatha uMyalezo wethu, kwaye siyakumka apha. Into ethile iyakwenzeka, ngokuqiniseke ngokwaneleyo, ngoko, xa iBandla limkile, uMzimba Wakhe, uMtshakazi Wakhe.

186 Ngoku ndifuna ukunifundela iSibhalo, kwaye ndifuna nisifunde Sona kunye nam. Ndifuna nityhile kwiDetoronomi 4, ekuvaleni. Ndicinga ngokwaneleyo mhlawumbi kuthethiwe, okokuba niyakuqonda. Detoronomi 4. Ndizakufunda indawo ezimbini apha.

Kwaye kwelibandla, nakwiiteyiphu, abantu abakwiiteyiphu, nabantu abakuqhagamshelo ngokunqumleze ezinye iindawo zesizwe, ndifuna niphulaphule koku ngokuzondelela kakhulu, kwaye ningasileli. Lena yinto endi . . .

Detoronomi, isahluko sesi-4. Ndizakufumana ivesi yokuqala. Ndifuna ukufunda ivesi yokuqala, emva koko ndizakufunda ivesi yama-25 neyama-26. Ningayifunda yonke xa nifika ekhaya; kodwa nje, ukonga ixesha, ukuze sibe nokuphuma ngexesha, ngoba ndifanele ndibuyele kwakhona ngobubusuku, iNkosi ithandile. Phulaphula kulo mprofeti ethetha. Waye esebuKhoneni bukaThixo. Wayesazi awayethetha ngako. Phulaphula.

> *Kaloku ke, Owu Sirayeli, yiphulaphuleni imimiselo nezigwebo, endinifundise zona, ukuba niyenze, ukuze niphile, ningene kwaye nilime ilizwe aninikayo uYEHOVA uThixo wooyihlo.* (Oko kufuzisela iMillennium yethu.)

> *Ize ningongezi ezwini endiniwisela umthetho ngalo, ninganciphisi kulo,* ("Ningongezi nenye into kuLo, kwaye ninganciphisi kuLo. Hlala, thetha nje noko likutshoyo Lona!") *ukuze niyigcine imithetho kaYEHOVA uThixo wakho endiniwisele yona.*

> *Amehlo enu akubonile oko wakwenzayo uYEHOVA . . . kuBhahali-pehore: ngokuba bonke abantu abalandela uBhahali-pehore, uYEHOVA uThixo wakho ubatshabalalisile phakathi kwenu.* ("Ngoku ningabantu abohluliweyo, niphumile emahlelweni." Yabona? Yabona?)

> *Ke nina nanamathelayo kuYEHOVA uThixo wenu, niphile nonke namhlanje.* ("Zange nife namahlelo enu. Niyaphila ngoku, kwaye niseBukhoneni bukaThixo.")

Ngokusondeleyo, sanukuyiphosa. Ivesi yama-25, ngoku, xa besiya kumhlaba, ngoku qaphela kwenzeka ntoni.

> *Kwaye xa uthe wazala abantwana, nabantwana babantwana, kwada . . . kwaba kudala nihleli kwelo lizwe, nazonakalisa* (yilonto eyenzekayo), *nenza . . . umfanekiso oqingqiweyo* (into engenye), *nokuba yiyiphi, nenza okubi emehlweni kaYEHOVA uThixo wenu, namqumbisa*: (Phulaphulani!)

> *Ndingqinisisa* amazulu *nehlabathi namhla,* yabona*, nódaka mpela kamsinya ningabikho kwelo zwe,* okanye indawo*,* apho n*iya khona eYordane ukuba nilime; anisayi kuyolula imihla yenu kulo, koko notshabalala mpela.*

187 Lona yayinguMoses ethetha noSirayeli, emva kokuba engqinelwe nguThixo, ngeNtsika yoMlilo, kwaye wazi ukuba wayeqinisekisiwe ukuba ungumkhonzi kaThixo wokubakhokelela ngaphandle. Kwaye phambi kokuba baye kuwo umhlaba, phambi kokuba bangene, uMoses wathi, "Ngoku, amazwi endiwathethileyo kuni, ndingqinisisa

amazulu nehlabathi ngokuchasene nani. Ukuba nithi nongeze nento kuLo, okanye ninciphise iLizwi elinye kuLo, anisayi kuhlala elizweni apho iNkosi uThixo aninikileyo."

Ke ndithi, eGameni likaYesu Kristu! Sanukongeza nento. Sanukunciphisa, nibeke imbono zenu kuLo. Thethani nje oko kutshiwoyo kwezo teyiphu. Nenze kanye oko iNkosi uThixo ayalele ukuba kwenziwe. Sukongeza kuLo.

188 Wasoloko, esigcina isithembiso Sakhe kuthi. Sonke isithembise Athe wasenza, Usigcinile. Ingaba wakhe Wanixelela okuzakwenzeka, kwaye ingaba yenzeka? Ndizisa amazulu nehlabathi phambi kwenu namhla, kucelo mngeni. Wakhe uThixo wathetha into Angazange ayizalisekise kwaye ayenze ngqo oko Athe Uyakusenzela? Akenzanga kanye ngendlela Athe uyakuyenza ngayo? Injalo ngokuchanekileyo. Ke Uyakuqhubeka ukuyenza. Nje sukongenza kuLo. Sukunciphisa kuLo. Kholwa nje kuLo uze uhambe ngokuthobeka phambi kweNkosi uThixo wakho, ngokuba sikufutshane ekungeneni kwiLizwe.

Ngoko, akuyi kubuyela, akuyi kubuyela koluhlobo lobomi kwakhona. Uyakubuyela usisidalwa esingenakufa. Uyakujika, xa isono sisusiwe, xa uSathana ebotshiwe, kwaye iwaka leminyaka uyakuhlala phezu kwalo mhlaba ethe iNkosi uThixo wakho wakunika wona. "Kuba abanobulali bayakuwudla ilifa umhlaba." "Unoyolo lowo oyenza yonke imithetho Yakhe, ukuze abe nelungelo lokungena kuwo uMzi." "Ngokuba ngaphandle ngabakhafuli, amaxoki, nabenzi bombulo, nezinja. Abayi kungena kuwo ngaphakathi." Kodwa yeyabaNyuliweyo bodwa, kunye nakwabo abahamba ngemithetho Yakhe.

189 Sukuthatha into ethile entsha. Zibhabha kuyo yonke indawo, kwaye kuyakubakho ezininzi kunoku ezizayo. Kodwa sukuthatha ezi zinto zintsha.

INkosi uThixo wakho wazisile kuwe yintoni iNyaniso. INkosi uThixo wakho ukungqinele oko kuyiNyaniso, ngeLizwi Lakhe nangoMoya Wakhe. "Akungabukroti, asingamandla, kunguMoya Wam." Kwaye, uMoya, "UThixo ufuna abo bamnqula Yena ngoMoya nangeNyaniso." "Ilizwi Lakho yiNyaniso." Kwaye Ungqinile ngokupheleleyo ukuba uYesu Kristu nguye izolo, namhlanje, naphakade. Uyibonisile iMbewu yangokuhlwa kuwe. Uyityhilile Yona kuwe, eLizwini. Uyiqinisekisile Yona kuwe, ngoMoya Wakhe.

190 Ungaze uqalise okanye uzame umbutho. Ungazami ukwakha phezu kwayo nayiphi into engenye.

Kodwa hlala uthobekile phambi kweNkosi uThixo wakho, ngokuba kukhangeleka ngathi amasango angavulekela kwiLizwe lesithembiso msinya. Ngoko masingene ngomculo onyanisekileyo novuyo, xa uMtshakazi noMyeni bathatha indawo yabo eTroneni.

191 Hlala ngokuthobeka. Hlala ngothando. Thandanani. Ningaze nifake nenye into phakathi kwenu. Ukuba ubona into isiza entliziyweni yakho ngokuchasene nomnye, yisuse kwalapho ngoko nangoko. Sukuyivum . . .

Kwaye uSathane uyakwenza okungcono kwakhe ukungena phakathi kwenu. Yabona? Ungayivumeli lonto yenzeke. Omnye umfo onolwimi olunobuqhopholololo angeza aze azeme ukukususa kuLo. Ucinga ukuba babenokumsusa uMoses eBukhoneni bukaThixo, apho wayeme khona waza walibona Lona? Hayi, mhlekazi. Hayi. Asinciphisi kuLo okanye songeze kuLo. Lingcine nje Lona ngendlela eyitshiloyo iNkosi. Asifuni hlelo. Asifuni mbutho. Asifuni ntshabhiso. Asifuni ngxwabangxwaba. Sifuna uThixo, kwaye Yena uliLizwi.

Ngoku masithobiseni intloko yethu.

192 Owu Thixo, ndiyabhebheka ngeliso likamoya, ndizama ukubona okwenzekayo. Ndiyalibona iLizwi Lakho, indlela ebeLingqinelwe ngayo, indlela ebeLiqinisekiswe ngayo; yonke indlela ukusuka kumashumi amathathu anesithathu eminyaka egqithileyo, ezantsi apha emlanjeni, oko Wakutshoyo. Kwaye naku, amashumi amathathu anesithathu eminyaka kamva, kwaye Usenza nje oko Wakutshoyo. Kwaye Wenze nje oko Wakutshoyo. Nkosi, makube le kuthi ukuzama ukulenza Lona nawuluphi na unciphiso okanye ukuzama ukulenza nobuphi ubukhulu Lona; masiligcine nje Lona ngendlela olenze ngaLo Wena, sihambe nje thobekileyo silandele Wena.

193 Aba ngabo, Nkosi, othe Wabanikela kulungiselelo, ngaphandle kwabo bonke abo balele ukunqumleza isizwe, kwihlabathi jikelele. Amangcwaba apha agcine abaninzi babo balindileyo, abasikelelweyo abangcwele. Kodwa injengokuba isitshiwo, "Thina abo basandla ubomi nabaseleyo asisayi kubaphangela abo baleleyo. Ixilongo liyakukhala, abafileyo bavuke kuqala; size sixhwilelwe phezulu kunye nabo." Xa uzuko lukaThixo luyakube luphezu komhlaba, luyakuzimelisa iBandla limke ehlabathini. Alisayi nokulibona Lona xa Linduluka.

194 Bawo Thixo, bagcine aba ezandleni Zakho. BangabaKho. Ndiyathandaza Thixo, ukuba siyakusoloko sihamba ngokuzithoba phambi Kwakho. Asazi kuyakuba lithuba elingakanani. Asinqweneli kwazi kuyakuba kudala kangakanani; asiloxanduva lwethu. Oko luxanduva Lwakho. Asiyontando yethu ukwazi ukuba Uyakuza nini. Yintando yethu, Nkosi, ukuhlala sithobekile de Ubuye, size sihambe naWe. Ngumqweno wethu wokuba Wena uzazise, kanye emva kwethuba, Bawo, phakathi kwethu, ukuze sibenokubona ukuba sisahamba naWe.

195 Sixolele izono zethu zakudala. Sikhokele kwaye usikhusele kuwo wonke umgibe kamtyholi, kwixesha elizayo.

Sikhokele usinqwanqwade, Owu Thixo Bawo wethu. Xolela izono zethu uze usincede sibe ngabantwana Bakho. Siludidi oluhluphekileyo lwabantu. Singabalahlelwa ngaphandle, ngamaqumrhu eli hlabathi, ngamahlelo eecawa.

Siyasibona isiphelo. Kwaye siyakubulela Wena ngeliso lomoya eLizwini Lakho, lokubona ixesha lesiphelo, okokuba zonke ezi zinto kufanele zifike kokwa kucolwa kukhulu kusuka eZulwini. Sincede, Nkosi, singabi lapha ngala mhla, kodwa sifudukele eBukhoneni Bakho, sibhabhele kude siye esifubeni Sakho.

196 Philisa abagulayo nabaxhwalekileyo, Nkosi. Siyathandaza ukuba ngokuhlwanje uyakusinika eyona nkonzo inkulu, kwanga kungangabikho mntu utyhafileyo phakathi kwethu, ngenxa yoBukhona Bakho, Nkosi. Zanga iintliziyo zethu zingahlala zikuWe. Kwaye siyazi, Nkosi, ukuba imali, ubutyebi, izinto zelihlabathi azinantsingiselo, nje zezomzuzwana. Zonke kuzo mazinyamalale. Imisebenzi yethu, iindawo zethu, abahlobo bethu, yonke into mayinyamalale. Nokuba kungakanani ukutyeba, kungakanani ukuhlwempuzeka, ingakanani indumasi okanye ukungadumi esikuko, kufanele inyamalale. Kodwa kukho kuphela into enye yokuba ubukho bethu apha bubotshelelwe kuyo, kwaye lowo nguYesu Kristu. Ke, Thixo, senze sibekele ecaleni yonke into njenge yesibini, size sibambelele kuYe. Kwaye uliLizwi Yena. Siphe kona, Nkosi.

197 Ilizwi elingqinelweyo leyure! Ilizwi elingqinelweyo lemihla kaMoses yayinguYesu. Ilizwi elingqinelweyo lomhla ka Isaya, Eliya, Yohane, bonke, yayinguYesu. Kwaye iLizwi elingqinelweyo namhlanje nguYesu, onguye izolo, namhlanje, naphakade. Sincede, Nkosi, ukuba sikholwe koko, sibone oko, size sihambe kuko. Si—sicela eGameni likaYesu.

198 Ngentloko zethu zithotyiwe, andazi nokuba kukho ubani apha ongazange ngenene enze lowa mkhulu, okukwanela-konke . . . UyaLikholelwa, kodwa ukuLikholelwa nje kukokodwa akonelanga.

Ndiyakholwa ukuba umfazi wam wayeyintombi elungileyo. Ndiyamazi uyise, unina. Ndimaze iminyaka ngeminyaka. Wahamba ubomi obuthe tye. Ndandikholwa ukuba ebengumfazi olungileyo, kodwa oko akuzange kumenze abe ngowam. Akazange abe ngowam wade, yena, ndamamkela, wandamkela nam.

Ngoku uYesu ufuna ukukwamkela. Akunakho na ukumamkela Yena uze ube yinxalenye yeLizwi Lakhe? Ukuba awukwenzanga oko, kunye neentloko zenu zithotyiwe neentliziyo zenu zithotyiwe, ndiyathemba . . .

199 Akukho ndawo yokubiza isiguqo apha. Andikho kangako kuzo, nokuba kunjalo. Ndiyakholwa uThixo ukutyelela kanye

apho ukhoyo. Ningaphakamisa izandla zenu, nithi, "Mzalwana uBranham, ndikhumbule emthandazweni. Ndifuna ukwenza oko." UThixo akusikelele. "Ndi . . ." UThixo akusikelele. Bethu, izandla kwindawo yonke! "Ndifuna ukufana nokuya." UThixo akusikelele, mzalwana. Usikelelwe, mzalwana; nonke nina, jikelele. "Ndifuna ukuba kokuya." UThixo asikelele . . . "Ngenene ndifuna ukuba kokuya. Ndi—ndiyayibona."

Kulungile, ngoku, jonga, sihlobo, kungabakho into ethile encinci . . . Ukuba akukuko okuya, ngoko kukho into obopheleleke kuyo ngaphandle kokuya. Ukufutshane kakhulu kuyo, ujonge kuyo. Uyayibona. Uyibonile iminyaka, ishukuma inyuka. Uyibonile ivuthwa ngoku. Ukuba okuya kuthetha yonke into kuthi, kwaye akukho nanye into eyakuhlala ihleli kuphela kokuYa, kutheni ungajika nje intloko yakho kulanto obujonge kuyo uzibophelele kuYe? Lowo, ungumbindi wabo bonke ubomi, konke ukusuka apha, nguYe. Akungeyenzi lonto, ngelixesha sithandazayo ngokudibeneyo?

200 Thixo othandekayo, njengoko izandla zamadoda, abafazi, amakhwenkwe, amantombazana, nkqu nabalungiseleli, benezandla zibheke phezulu. Ba—bafuna u—ukuthi bafuna ukubopheleleka kanye kwiNkosi uYesu, kwaye noko kukhangeleka ngathi abanakuyenza lonto. Kukho into ebatsalela *kweli* cala, *ngela* cala. Ingaba lihlelo, ingaba ngumntu, ingaba sisono, ingaba yinto abayifihle entliziyweni yabo. Andazi, Nkosi. Nguwe owaziyo. Nokuba yintoni, kungenzeka ngoku, Nkosi, ngelixa Wena ubiza kwabanye . . . Ubabizile. BangaBakho.

Kwaye ngelixa Ubabizayo, banga bangayeka okuya, esasono sirhawulayo, njengoko iBhayibhile itshiloyo. "Bajike kwesa sono esisirhawulayo ngokusisisulu, ukuze silubaleke ngomonde ugqatso olubekwe phambi kwethu, sise amehlo ethu ku . . ." Intoni, kumsebenzi wethu, kwihlelo lethu, kukuzibandakanya kwethu, kwiqumrhu? "KuKristu iMbangi noMgqibelelisi wokholo esinalo kuYe." Yenza oko, Bawo, kuthi namhlanje, kuba sikucela oko eGameni Lakhe nokwenzela uzuko Lwakhe.

201 Ngoku bangaBakho, Nkosi. Yenza kubo njengoko Ubona kufanelekile. Yenza kuthi njengoko Ubona kufanelekile. Singabakho. Egameni likaYesu. Amen.

Ndiyamthanda, ndiyaMthanda
Ngokuba Wandithanda kuqala
Kwaye Wathenga usindiso lwam
Kumthi weKhalvari.

202 Ingaba nilibele ngesidlo sasemini? Ingaba nilibele okokuba abantwana ingaba bakhuselekile, ngaphandle emotweni, okanye hayi? Ingaba nilibe ngexesha eligqithileyo, naza naqonda oko nikuvayo ngemizwa kanye ngoku? Kuyenzeka

phambi kwenu, usuku nosuku. Yabona? Yenza oko kube ngumbindi wento yonke. Yenza zonke ezinye izinto zimke kuwe; ziyakunyamalala, nakanjani.

Owu, gcina nje ulandela emva Kwakhe! Yabona? Njengo Elisha walandela u-Eliya, masilandele Yena. Kufanele sithatyathelwe phezulu, nathi, ngamhla uthile. Siyibonile inqwelo yoMililo eyamnyusayo Yena ngaphandle kwengcwaba. Siyayiva ngemizwa phakathi kwethu. Ngenye imini Uyawakhulula amahashe ematyholweni. Siyenyuka. Animthandi Yena?

Kwaye wathenga usindiso lwam
Kumthi weKhalvari.

Owu, akunakho nje uphantse uvale amehlo akho uze umbone Yena endandela kufutshane?

Ndiyamthanda Yena (ngubani omnye ebendinokumthanda?) Ndiyamthanda Yena
Ngokuba Wandithanda kuqala
Kwaye wathenga usindiso lwam
Kumthi weKhalvari.

203 Lonke ixesha xa ndibuyela ekhaya, umntu othile umkile. Ndiyakumka kwinyanga ezimbalwa, ndibuye, umntu othile umkile. Ndiba buhlungu lonke ixesha ndibuya.

Ngomnye umhla, inkwenkwe endandihamba nayo isikolo, ndisihla ngesitrato, yathi, "Molo, Billy."

204 Ndayijonga, wayeqhele ukuba ngomhle umfo omncinci, enenwele ezimnyama ezibengezelayo kakhulu zikanyelwe ngasemva; ngoku zimhlophe okwekhephu. Wayeqhele ukuba ngome nkqo; isusu siphume ngaphandle *ngolu*hlobo. Ndathi, "Molo Jim." Ndamjonga.

Ndeva entliziyweni yam, ndacinga, "Thixo, la nkwenkwe kunye nam, la ndoda kunye nam, sizintanga."

Emva koko, ndazi ukuba imihla yam ibaliwe. Ndazi ukuba akusayi kuba kudala kakhulu. Ndabhekabheka, ndaza ndacinga, "Ndingenza ntoni, Nkosi? Ndincede. Andifuni kukhokela phambi Kwakho. Ndifuna ukuhlala kanye—kanye emva Kwakho. Khokela indlela." Ndajonga, ndaza ndacinga, "Amashumi amahlanu anesithandathu ubudala, owu, bethu, akunakuba kudala kakhulu!"

205 Ndaza ndajonga ezantsi, ndabona umhlobo wam olungileyo uBill Dauch ehleli phaya, amashumi asixhenxe anesibini okanye amashumi asixhenxe anantathu eminyaka ubudala. Ndabhekabheka, ndabona aba bantwana, bacinga, "Kulungile, ndiyakulinda ndibe mdala njengo Mzalwana Branham, ndiyakuyicinga lanto." Sthandwa, ungangaze ukubone oko. Ndiyathandabuza kakhulu uyakuyibona. Yabona? Kodwa, cinga nje, ukuba uMzalwana uBill Dauch

uqhubekeke waphila lo mhla, uyakodlula amakhulu abaneshumi elinesihlanu-, ishumi elinesithandathu iminyaka ubudala abantu. Bafa qho ngeyure.

Ke mahluko mni okwenzeka ukuba unangaphi iminyaka! Wenza ntoni ngeyure ophila kuyo? Umenzela ntoni uYesu ngelixesha? Yabona? Owu, ndifuna ukumbona Yena. Ndifuna ukubona iyure endiyijongileyo kwaye ndibone yonke le mizimba iguqulwa, ndiyibone "itshintshwa ngephanyazo, ngokuqhwanyaza." Ukuba oko akunjalo, ngoko sizezona zidenge zabantu; yidla, usele, wonwabe, kuba ngomso uzakufa; yabona, kuphela unje ngesilwanyana, uyafa uye ebumdakeni kwaye kuphelele apho. Kodwa kukho okufayo . . . umphefumlo ongafiyo uphila kuwe, mzalwana. Sivile eZulwini. Siyibonile iqinisekiswa. Siyazi ukuba Ukho, kwaye ungumvuzi wabo bamfunayo ngokunyanisekileyo Yena.

Ngoku, malungu oMzimba kaKristu, ngelixa sicula oko kwakhona, ndifuna nje nihlale ezitulweni zenu nixhawula isandla somnye ngelixa siculayo kwakhona.

Ndi . . . (bulisa nje umzalwana wakho, udade)
Ndiyamthanda Yena
Ngokuba . . . (Richard!) . . . mna
Kwaye wathenga usindiso lwam
Kumthi weKhalvari.

206 Ingaba uyamthanda Yena? Yithini, "Amen." [IBandla lithi, "Amen."—Mhl.] Niyalithanda iLizwi Lakhe? Yithini "Amen." ["Amen!"] Niyakuthanda ukwenza Kwakhe? Yithini, "Amen." ["Amen!"] Niyawuthanda uMzimba Wakhe? Yithini, "Amen!" ["Amen."] Ngoko, thandanani omnye nomnye. Amen! Injalo lonto. "Ngoku abantu bonke bayakwazi ukuba ningabafundi Bam, xa ninothando omnye komnye."

Ngoku ndibeke izandla zam phezu kwezi tshefu, ukuba kufanele uzifumane phambi kobusuku.

207 Ndizakuba noMzalwana uRichard Blair . . . UThixo uwuphendule umthandazo wakhe, yena kunye nomzalwana apha, bethandaza ngenye imini, ukuba kubuyiswe le nkwenkwe incinci ehleli phakathi kwethu namhlanje, ephilayo, ngenxa yokholo lwethu kuThixo. Ngoku ndizakufuna yena asindulule ngelizwi lomthandazo, nje kwimizuzu embalwa, ukuze sibe nokubuyela kwakhona ngobubusuku.

Nje malunga nemizuzu emihlanu emva kweshumi elinambini, ngokwaleya iwotshi. Kwaye ndifuna nibuyele ngobubusuku, ukuba ninakho, ukuba nikufuphi. Ukuba kufanele niye emakhaya, wanga uThixo anganikhawulezisa endleleni yenu, aze anincede, anikhusele. Ukuba ningahlala, kwaye nifuna ukuhlala, namkelekile ukuba nihlale. UThixo abe nani ngoku.

Side sihlangane! side sihlangane!
Side . . . (masiphakamiseleni izandla zethu kuYe) . . . sihlangane ezinyaweni zikaYesu;
Side sihlangane! side sihlangane!
Wanga uThixo anganani de sibuye sihlangane.

[UMzalwana uBranham uyaqalisa ukungqumshela u *Wanga uThixo Anganani*—Mhl.] Leyo yindlela yokushiya indlu kaThixo, ngokuthandaza, ngokuthobeka, ngokuthembela ekubeni siyakuhlangana kwakhona ngobubusuku. Ukuba asikwazanga, "Wanga uThixo anganani de sibuye sihlangane kwakhona!"

Masithobise iintloko zethu ngoku. Mzalwana uBlair.

Ukuzama Ukwenzela UThixo Inkonzo Kungakhange Kube Yintando KaThixo XHO65-0718M
(Trying To Do God A Service Without Being The Will Of God)

Lo Myalezo ka Mzalwana William Marrion Branham, waqala ukushunyayelwa ngesiNgesi kusasa ngeCawa, ngoJulayi 18, 1965, kuMnquba kaBranham eJeffersonville, Indiana, U.S.A., wathatyathwa kwisishicileli-mazwi waze wabhalwa ngesiNgesi ungafinyezwanga. Le nguqulelo yesiXhosa ibhalwe yaze yapapashwa yi Voice Of God Recordings.

XHOSA

©2015 VGR, ALL RIGHTS RESERVED

Voice Of God Recordings, South Africa Office
58 Disa Road, Admiral's Park, Gordon's Bay 7140 Western Cape
Republic Of South Africa

Voice Of God Recordings
P.O. Box 950, Jeffersonville, Indiana 47131 U.S.A.
www.branham.org

Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org